



**URhulumente
weNtshona Koloni**

UkuHlaliswa koLuntu



Ingxelo Yonyaka 2019/20
ISebe lezokuhlaliswa kwabantu

ISEBE LEZOKUHLALISWA KOLUNTU

IVOTI 8

INGXELO YONYAKA
WAMA-2019/20

IZIQULATHO

ISIGABA A: INGXELO EPHANGALELEYO

1.	ISEBE LOLWAZI NGOKUGQIBELA	4
2.	ULUHLU LWEZIFINYEZO	5
3.	INTSHAYELELO YOMPHATHISWA WESEBE KWIPHONDO	7
4.	INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO	9
5.	INGXELO YOXANDUVA NOQINISEKISO LOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA	20
6.	UJOLISO LWETHU KWISICWANGCISO SOBUCHULE	21
7.	UMTHETHO NAMANYE AMAGUNYA	22
8.	UBUME BESEBE	23
9.	AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA	23

ISIGABA B: INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

1.	INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KUSENGAPHAMBILI	26
2.	INKCAZELO NGOKUSEBENZA KWESEBE	26
2.1	Ubume Bemeko Yohanjiso Lweenkonzo	26
2.2	IsinCwangciso sokuPhucula Uhanjiso LweNkonzo	27
2.3	Ubume beSebe	32
2.4	Ukugqithiselwa komgaqo-nkqubo ophambili notshintsho kwezomthetho	33
3.	IZIPHUMO ZESICWANGCISO-BUCHULE EZINENJONGO	33
4.	INKCUKACHA NGOKUSEBENZA KWENKQUBO NGANYE	35
4.1	Inkqubo 1: U-Lawulo	35
4.2	Inkqubo 2: Iimfuno zeZindlu, Uvavanyo kunye nesiCwangciso	40
4.3	Inkqubo 3: UPhuhliso lweZindlu	48
4.4	Inkqubo 4: Ulawulo lweZindlu kunye nee-Asethi	60
5.	UKUGQITHISELWA KWEENTLAWULO	64
5.1	Ukugqithiselwa kweentlawulo kumaziko karhulumente	64
5.2	Ukugqithiselwa kweentlawulo kuwo onke amaziko ngaphandle kwamaqumrhu karhulumente	64
6.	IZIBONELELO EZINEMIQATHANGO	67
6.1	Izibonelelo ezinemiqathango kunye neemali ebezibekelwe bucala ezihlawuliweyo	67
6.2	Izibonelelo ezinemiqathango kunye neemali ebezibekelwe bucala ezifumanekileyo	67
7.	INGXOWA-MALI YABAXHASI	71
7.1	Ingxowa-Mali esuka kubaXhasi iye yaFumaneka	71
8.	UTYALO-MALI OLUKHULU	71
8.1	Utyalo-mali olukhulu, ulondolozo kunye nesicwangciso solawulo lweeasethi	71

ISIGABA C: ULAWULO

1.	INTSHAYELELO	74
2.	ULAWULO LWERISK	74
3.	UBUQHOPHOLOLO KUNYE NOBUQHETSEBA	77
4.	KUNGQUBANA KWEMIDLA (ngakumbi emsebenzini)	78
5.	INKQUBO YENDLELA YOKUZIPHATHA	78
6.	IMPILO, UKHUSELEKO NEMIBA YOKUSINGQONGILEYO	79
7.	IKOMITI ZEPALAMENTE	80
8.	IZIGQIBO ZE-SCOPA	82
9.	IZIFUNDO ZOKUFUNDA KWIINGXELO ZOPHANDO	84
10.	I-CANDELO LOLAWULO LWANGAPHAKATHI	84
11.	UPHICOTHO-ZINCWADI LWANGAPHAKATHI NEEKOMITI ZOPHICOTHO-ZINCWADI	86
12.	INGXELO YEKOMITI YOPHICOTHO-ZINCWADI	87
13.	IINKCUKACHA ZOKUSEBENZA NGOKUTHOBELA UKUXHOTYISWA KOLUNTU OLUNTSUNDU NGOQEQESHO KWEZOQOQOSHO (B-BBEE)	89

ISIGABA D: ULAWULO NOQEQESHO LWABANTU	91
1. INTSHAYELELO	92
2. INGXELO YOLAWULO LWABASEBENZI KWISEBE	92
2.1 Imiba ephambili yocwangciso lwabasebenzi kwiSebe	92
2.2 Unkqubo yokulawula ukusebenza kwabasebenzi	93
2.3 Ukuba kwimo eyiyo komSebenzi	93
2.4 Ukubek'esweni ulawulo loluntu	93
3. IINKCUKACHA-MANANI ZOLAWULO LOLUBANTU	94
3.1 INKCITHO-MALI ENXULUMENE NABASEBENZI	94
3.2 INGQESHO KUNYE NEZITHUBA	98
3.3 UVAVANYO LOMSEBENZI	100
3.4 UTSHINTSHO NGOKWENGQESHO	102
3.5 INGQESHO NGOKULINGANA	108
3.6 UKUTYIKITYWA KWEZIVUMELWANO ZOKUSEBENZA NGAMALUNGU E-SMS	115
3.7 UKUGCWALISA IZIKHUNDLA ZE-SMS	116
3.8 INDLELA YOKUSEBENZA KOMQESHWA	118
3.9 ABASEBENZI BAMANYE AMAZWE	124
3.10 UKUSETYENZISWA KOMSEBENZI WENDLELA YOKU-1 JANUWARI 2019 UKUYA KU-31 DISEMBA 2019	125
3.11 IINKQUBO UKUKHUTHAZA IMPILO, KUBANDAKANYWA I-HIV NE-AIDS	129
3.12 UNXULUMANO LWEZABASEBENZI	133
3.13 UPHUHLISO LWEZAKHONO	135
3.14 UMENZAKALO EMSEBENZINI	137
3.15 UKUSETYENZISWA KWABACEBISI	138
ISIGABA E: IZITETHIMENTI ZEMALI KUNYAKAMALI	149
1. INGXELO YOMPHICOTHI-JIKELELE	151
2. INKCUKACHA NGEZEMALI	156
ISIHLOMELO	235
ISIHLOMELO A - ULUHLU LWEEKONTILAKA ZOKWAKHA	236



**INGXELO
EPHANGALELEYO**

Departmental receipts

Estimate City of Cape Town

Provincial Treasury

acronyms Strategic overview

Administration

mandates **Actual**

organisational structures

TOTAL capital assets

USDG Legislature

Foreword by the Minister

Housing Demand Database

G E N E R A L

I N F O R M A T I O N

1. ISEBE LOLWAZI NGOKUGQIBELA

IDILESI YENDAWO:	27 Wale Street Cape Town 8001
IDILESI YEPOSI:	Private Bag X9083 Cape Town 8000
INOMBOLO YOMNXEBA:	021 483 4965
I-EMAIL ADDRESS:	Emmanuela.Maclean@westerncape.gov.za
IDILESI YEWEBHUSAYITHI::	www.westerncape.gov.za

2. ULUHLU LWEZIFINYEZO

AFS	Inkcukacha zeZimali zoNyaka	EPWP	Inkqubo kaRhulumente yabasebenzi boLuntu
AGSA	Umphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika	ERM	Ulawulo eliJongne neMingcipheko Kwezoshishino
AO	IGosa eliNika iNgxelo	ERMCO	I-Komiti eJongne neMingcipheko Kwezoshishino
APP	Isicwangciso seNtsebenzo soNyaka	EXCO	I-Komiti eLawulayo
BAC	I-Komiti eJoNgene neNkqubo yeZiniki maXabiso	FLISP	Inkqubo yenkxaso-mali Yomntu Ngamnye
B-BBEE	Inkqubo yoPhuhliso Olubanzi lwabaMnyama KwezoQoqosho	FTE	Ixesha elipheleleyo elilinganayo
BCP	IsiCwangciso esiJongene noShishino/umSebenzi wokuQhubela Phambili	GAP	IsiCwangciso sokuSebenza soLawulo
BEC	I-Komiti eJongene nokuHlolwa kqweNkqubo yeZiniki maXabiso	GEHS	Inkqubo kaRhulumente yeZindlu zaBasebenzi
BLC	Inkqubo ejongene noMceli-mngeni wokuPhila ngokuNgcono	GIS	Inkqubo yeNkcukacha zoLwazi lweJografi
CE-I	I-Ziko elijongene neNdlela yokwenza izinto ngeNdlela eZintsha	GMT	I-Candelo leziThuthi zikaRhulumente
CD	UmLawuli oyintloko	GPS	Inkqubo yokuBekwa kwiHlabathi liphela
CFO	I-Gosa eliJongene nezeZimali	GPSSBC	I-Qumrhu elijongene nothetha-thethwano kwiCandelo leNkonzo kaRhulumente
CoCT	IsiXeko saseKapa	HDA	I-Arente yoPhuhliso lweZindlu
CPC	I-Ziko leZiniki maXabiso eliJongene neCandelo lezoKwakha	HDD	Uvimba weNkcucha weNfuno yeZindlu
CSC	I-Candelo leNkonzo zoLuntu	HDI	Abantu ababekade behlelelekile ngokwembali
DEADP	I-Sebe lemiCimbi yokuSingqongileyo, uPhuhliso kwakunye noCwangciso	HoD	I-Ntloko yeSebe
DEDAT	I-Sebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho	HSDG	I-Sibonelelo sokuPhuhliswa kwendawo zokuHlaliswa koLuntu
D: ERM	I-Candelo loLawulo: Ulawulo eliJongne neMingcipheko Kwezoshishino	IC	U-Lawulo lwangaPhakathi
DORA	UMthetho woHlelo loLwabiwo-mali	ICT	Inkcukacha kunye nobuGcisa boNxibelelwano
DotP	I-Sebe leNkulumbuso	IDPs	IsiCwangciso soPhuhliso oluHlanganisiweyo
DPSA	I-Sebe leeNkonzo Zoluntu NoLawulo	IFC	I-Qumrhu lezeziMali leHlabathi
DSOP	IsiCwangciso SHERQ sokuSebenza seSebe	IGR	Ubudlelwane Phakathi kwamamqanaba karhulumente
DTPW	I-Sebe lezoThutho nemiSebenzi yoLuntu	IRDP	Inkqubo yokuPhuhliswa kweNdawo ezihlala uluntu ngokuHlangeneyo
EAP	Inkqubo yokuNcedisana abaSebenzi	IRT	IsiXhobo sokuNika Ingxelo ngokuHlangeneyo
EDGE	Inkqubo yokugqwesa kuYilo lokuSebenza ngokuKuko	ISSP	IsiCwangciso seNkxaso seNdawo zoGob'ityholo
EHW	I-Mpilo yabaSebenzi nokuPhila ngoKukuko	LCT	IsiXhobo sokuThobela uMthetho
EHWP	Inkqubo yeMpilo yabaSebenzi nokuPhila ngoKukuko	LRA	UMthetho wezoBudlelwane eMsebenzini
EEDBS	Inkqubo eyaNdisiweyo yeZibonelelo zeZaphulelo	MEC	I-lungu leBhunga eliLawulayo (Mphathiswa)

MIG	IsiBonelelo samaZiko koMansipala	SAPS	INkonzo yamaPolisa oMzantsi Afrika
MPAT	ULawulo lokuSebenza kwesiXhobo soVavanyo	SBT	litekhnoloji zoKwakha ngendlela ezinzileyo
MTSF	IsiKhokelo soBuchule sexesha eliphakathi kwithemu	SCM	I-Nkqubo yoLawulo lweZiniki-maxabiso
NDoHS	I-Sebe likaZwelonke lokuHlaliswa koLuntu	SCOPA	I-Komiti ejongene neeAkhawunti zikaRhulumente
NDP	IsiCwangciso soPhuhlisp sikaZwelonke	SDFs	IziKhokelo zoPhuhliso loMhlaba
NGO	Umbutho ongekho Phantsi kukaRhulumente	SDIP	Isicwangciso sokuPhucula ukuHanjiswa kweeNkonzo
NTR	ImiGaqo kaNondyebo weSizwe	SHEQ	EzoKhuseleko, ezeMpilo, okusiNgqongileyo, uMngcipheko kunye noMgangatho wayo
OHAS	Inkqubo yezeMpilo & Nokhuseleko Emsebenzini	SHERQ	EzoKhuseleko, ezeMpilo, okusiNgqongileyo, uMngcipheko kunye noMgangatho wayo
OPSCAP	ukulungela ukwenza umsebenzi	SHI	I-Ziko loLawulo lweZindlu zeNtlalo
OHASA	UMthetho wezeMpilo noKhuseleko eMsebenzini	SHRA	Igunya loLawulo lweZindlu zezeNtlalo
PEHG	Isibonelelo seZindlu esijongene nemeko eziNgxamisekileyo sePhondo	SITS	Inkqubo yokuKhangela/landela invoyisi
PERSAL	Inkqubo yoLawulo lwaBasebenzi kunye neMivuzo	SMME's	AmaShishini amaNcinci, aPhakathi kunye namaNcinane
PFMA	Umthetho woLawulo lwezeziMali kaRhulumente	SMS	INkonzo yoLawulo oluPhezulu
PFS	I-Provincial Forensic Services	SMT	IsiXhobo sokubek'esweni iiNkqubo
PHP	Inkqubo yeZindlu zoLuntu	SOPs	Iinkqubo ejongene neNdlela ekSsetyenzwa Ngayo
PILIR	Umgaqo-nkqubo weKhefu lokungabi namandla okusebenza kunye noMhlala-phantsi ngenxa yokugula	ToR	I-Migaqo yeziVumelwano
PPC	I-Komiti yoCwangciso lweZindlu	UISP	I-Nkqubo yokuPhuculwa kweNdawo zooGob'ityholo
PPP	Ubudlelwane bukaRhulumente namaCandelo abuCala	USDG	Isibonelelo soPhuhliso lweNdawo zokuHlala kwiziXeko
PSG	IiNjongo zesiCwangcisiweyo soBuchule zePhondo	WC: DoHS	I-Sebe lokuHlaliswa koLuntu eNtshona Koloni
PSC	I-Komiti yoLawulo lweProjekthi	WCG	URhulumente weNtshona Koloni
PSCBC	IQumrhu leeNkonzo zokuLungelelanisa iiNkonzo zikaRhulumente	WCHDDB	Uvimba wenkcukacha weMfuno zeZindlu kwiNtshona Koloni
PSRMF	Isikhokelo soLawulo loMngcipheko weCandelo likaRhulumente	WCHDF	INGxowa-mali yoPhuhliso lweZindlu eNtshona Koloni
PT	UnoNdyabo wePhondo	WCHDDIP	Inkqubo yokuPhucula uVimba weNkcukacha weMfuno zeZindlu kwiNtshona Koloni
RHT	I-Nkundla ejongene nengxaki zokuqeshiswa ngeZindlu	WCSD	Uvima weNkcukacha wenkampani eziBabonelela ngenkozi kwiNtshona Koloni
SALGA	I-Arhente yoRhulumente baseMakhaya kuMzantsi Afrika		
SANS	I-Qumrhu loMzantsi Afrika elijongene nezinto ezisemgangathweni		

3. INTSHAYELELO YOMPHATHISWA WESEBE KWIPHONDO

Unyaka-mali ka-2019/20 usinike ithuba lokuba siphinde siphucule ubomi bamawakawaka abantu kwiNtshona Kapa iphela. Ukwenza umahluko obonakalayo nobambekayo kubomi babaxhamli abafaneleke kakhulu kusishukumisela ukuba senze okungakumbi. Ukusukela ekuqaleni kwexesha lam lokuba nguMphathiswa, sagqiba kwelokuba abaqhubi abaphambili bayadingeka ukuba sizakuhambisa amathuba ezindlu kubantu bethu.

Kuchongwe abantu abaphambili abane ukujongana noku:

- Unikezelo olukhawulezileyo lonikezelo lwezindlu;
- Ukuphunyezwa ngokugqibeleleyo kweziSombululo eziNtsha
- Indlela eDibeneyo yokuHlaliswa kwaBantu; kwaye
- UkuXhotyiswa okuKhulu kunye nokuDalwa kwemisebenzi.

Sifikile kwaba bantu baphambili emva kothethathethwano olubanzi namaqela ngamaqela achaphazelekayo, kubandakanya nokubonisana noomasipala ukusombulula eyona miceli mingeni kunye nakwiindawo ezingqongene nokuhlaliswa koluntu ezijongene nemiceli mingeni.

Ukuqhubeka nokubonisa ukuba siyazimamela izimvo zabantu bethu, umyalelo osuka kulawulo oluphezulu owanikwa bonke oomasipala, usithi abo bangabanxusi kufuneka babe yinxalenye yoluhlu lwabo bazuqhamla kwiiiprowujekthi ze-greenfield. Oku kuthetha ukuba sibeka phambili abantu abadala, abantu abakhubazekileyo, abo bakude kuludwe lwabantu abalindile izindlu kwisithuba seminyaka eyi-15 nangaphezulu kunye nabo bangabanxusi ngasemva kwezindlu. Kubalulekile ukuba siqaphele ukuba singurhulumente wephondo wokuqala ukufaka ngokusemthethweni abahlali abangabanxusi kuluhlu lwethu lwamaqela aphambili. Eyona nto ibalulekileyo, oku kuthetha ukuba kuzo zonke iiprojekthi ze-greenfield kuyakubakho ukwahlulwa ngokwe-50/50, ngelixa kugcinwa yonke eminye imimiselo engqondweni.

Ngapha koko, sikwabonakalisile ukuzibophelela kwethu ekudaleni amathuba amaShishini amaNcinci, aPhakathi kunye naMancinci (ii-SMME's), ngokwabela ama-66.74% esiBonelelo soPhuhliso lweeNdawo zokuHlaliswa koLuntu (HSDG) ukuze kuncedwe iikontraka ezimelwe ngabantu ababekade behlelekile ngaphambili (HDI).

Ukongeza koku, abantu abatsha abayi-156 abaqeqeshiweyo kumacandelo ahlukeneyo kulwakhiwo. Lempumelelo ibichasene neethagethi eziyi-150, ngeli lixa amathuba emisebenzi ayi-1 056 eyadalwayo xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe okunga-800. Oku kubonisa ngokucacileyo ukuba sizimisele ukuyiphumeza injongo yenguqu yezoqoqosho nokuxhotyiswa kolutsha, njengoko oko ekugqibeleni kunceda uninzi lwabemi boMzantsi Afrika.

Ipotifoliyo yethu yahlukile kwaye inamandla kwaye ifuna iinkokheli zokucinga ukuxhasa iindlela ngeendlela zokuhlangabezana neemfuno zoluntu lwethu. Akumangalisi ukuba inani leengxabano esiye saqubisana nazo kulonyaka-mali uphelileyo, apho abantu abahlukene kunye / okanye amaqela athi aziinkokheli ezisemthethweni kuluntu olo. Ngelishwa, ezingxabano zibangele ukulibaziseka ekuqalisweni kweeprojekthi okanye ezinye aziqalanga kwaphela. Sine, kwaye sizakuqhubeka ukubandakanya abahlali apho sihlangabezana nalemiceli-mingeni kunye nokusilela ngasemva.

Ukusetyenziswa ngokupheleleyo kweTekhnoloji yeNkcukacha yoLwazi kunye noNxibelelwano (ICT) kubaluleke kakhulu koku, ngakumbi kuba injongo ikukukhuthaza ukusetyenziswa ngokubanzi kwe-ICT ekusasazeni ulwazi. Oku kubonisa ngokungafihlisiyo ekusebenzisaneni kwethu njengesebe.

Amanyathelo amahle aye enziwa kwaye sikholelwa ekubeni ngokufikelela ngokuthe ngqo nangakumbi kunye nokubandakanya noluntu, kuyakubakho ukuqonda ngokucacileyo kwendlela esibanceda ngayo abantu bethu.

Ndingathanda ukubulela iNtloko yeSebe ngokuzimisela kwakhe neqela lakhe ekuphuculeni ubomi boluntu bethu.

INGXELO EPHANGALELEYO

Ndingathanda ukwazisa abasebenzi bam boMphathiswa ngenkxaso yabo engagungqiyo kunye nokuzinikela kwabo kubahlali beNtshona Koloni.



Mnu. Tertuis Simmers
UMphathiswa weSebe lokuHlaliswa koLuntu
Ku-Rhulumente weNtshona Koloni
Umhla: 31 Julayi 2020

4. INGXELO YEGOSA ELINIKA INGXELO

Ngexesha lonyaka-mali ka-2019/20, iSebe lokuHlaliswa koLuntu eNtshona Koloni (WC: DoHS) liqhubekile nokuvakalisa ukuzibophelela kwalo kwiNkqubo-sikhokelo yesiCwangciso soBuchule leXesha eliPhakathi, inkqubo yeziPhumo zeLizwe, ngokunjalo neeNjongo zesiCwangciso soBuchule zePhondo, ngakumbi iNjongo yesiCwangciso soBuchule 4.

Oku kulandelayo yingxelo yezinye zezinto eziye zafunyanwa liSebe kulo nyaka uphononongwayo ngokweenjongo zalo zesiCwangciso sobuchule.

1. Ukuphuculwa kokusebenza kakuhle nangokukuko kweSebe lokuHlaliswa koLuntu kwiPhondo

Isixhobo soVavanyo lweNtsebenzo yoLawulo (MPAT), esijolise ekuvavanyeni nasekuphuculeni kulawulo lwesebe kuwo onke amanye amaSebe kaRhulumente, siwubonile unyaka wokugqibela wokumiliselwa kunyaka-mali ka-2018/19. Oku kubangelwe kukuphucuka okuphawulekayo kulawulo, kwiindlela zolawulo, kwaye ekugqibeleni, ekuhanjiseni kweenkonzo. Kunyaka-mali ka-2019/20, iSebe liqhubekile ngokunika ingxelo ye-MPAT ngokusebangathweni, ngalo ndlela libonisa ukuvuma kwalo ukuqhubeka nokuphucula iinkqubo zalo nokwenza oko 'ngobukrelekrele ecaleni'.

Ukongeza koku, iSebe lazise ngeendlela ezintlanu (5) zeNkqubo yokuSebenza eseMgangathweni (SOPs), ngakumbi kwimeko yeCandelo eliJongene neNkqubo yeziNikezeli-Maxabiso. Ngokwenza njalo, ezi SOP ziyakulungelelanisa eliJongene neNkqubo yeziNikezeli-Maxabiso ngokususa okanye ukunciphisa umda kwiimpazamo kunye nokuphepha ukulibaziseka okungeyomfuneko.

2. Ukuphuculwa kokusebenza, ngokukuko kwenkxaso kamasipala yokuhlaliswa koluntu

2.1. I-Candelo leNkqubo yeNkxaso kaMasipala

Kunyaka ophantsi kohlaziyo, iSebe liqhubekile ngokunika bonke oomasipala inkxaso malunga nokuphuhlisa iziCwangciso zoPhuhliso ngokuHlanganisiweyo (IDPs). Ngokuphathelene noku, bonke oomasipala basemakhaya abangama-25 bafumene inkxaso yocwangciso lobugcisa, ejolise ekufakweni ngokukhawulezileyo kweeprojekthi zezindlu. Ukongeza, iSebe lincedisile oomasipala abathandathu (6) ngenkxaso yezobuchwephesha nezobuchule, kuphuhliso lweziKhokelo zoPhuhliso lweMihlaba (SDFs) yabo.

2.2. I-Candelo loMgaqo-nkqubo kunye neeProjekthi zoPhando

Ngexesha lonyaka-mali ka-2019/20, iSebe liphumeze injongo yalo yokuqulunkqa amaphepha amabini (2) ophando kunye nesikhokelo somgaqo-nkqubo omnye (1). Kule meko, iSebe livavanye ukuba ingaba urhulumente angakwazi na ukubonelela ngoncedo kubaxhamli kuthengiso lwezavenge ezifikelekayo kunye neendlela zokuqeshisa (okanye 'irenti ngenjongo yokuthenga') iindlela kwindawo yentengiso. Okwangoku, inkxaso-mali ingahlawulwa kuphela kudluliselo lwepropathi, olusekupheleni kwexesha lobunini obumiselweyo, ngaloo ndlela kuthintela ifuthe lenkxaso-mali kufikelelo. Ukongeza oku, iSebe linikezele ngamanyathelo urhulumente anokuwathatha ukukhuthaza ubuninimzi oluqhutywayo kunye nokwakha ngokuxinaniswa kolunye utyalo-mali lwabucala kwiindawo zokuhlala / kubumelwane.

Ngaphaya koko, iSebe liphuhlise isikhokelo somgaqo-nkqubo, Ukuphunyezwa kweProjekthi eziqhutywe ngokwezibonelelo kwiZindlu eziXhaswa nguRhulumente eNtshona Koloni. Esisikhokelo sijolise ekuphakamiseni nasekukhuthazeni iziphumo kweprojekthi zolwakhiwo lwezindlu ezixhaswa ngurhulumente eNtshona Koloni.

2.3. Intsebenziswano

Kunyaka ophantsi kovavanyo, iSebe liqhubekile nokwenza intsebenziswano nabaqeshi abakulungeleyo ukwenza igalelo elibonakalayo ekudaleni amathuba obunini bamakhaya kubasebenzi babo. I-APL Cartons eBreede Valley ngomnye wabaqeshi, ngokunjalo neTronox / Andisa kwingingqi yoNcweme oluseNtshona.

Ngokumalunga namathuba ezindlu zoluntu, ubuhlakani ngumba ophambili wokwandisa le nkqubo. Kule meko, la malinge alandelayo eZindlu zoLuntu akwinqanaba lokwakha:

- Iprojekthi eyiConradie Better Living Model Exemplar ibonisa indawo ebekwe kakuhle, efikelelekayo, ngokuhlangeneyo, ekhokelwa ziindawo zokuhlala, imivuzo ngokuhlangeneyo kunye nophuhliso losetyenziso oluxubeneyo, kwaye iya kuvelisa amathuba emizi ayi-1 236 kwezindlu zokuhlala;
- Isigaba sokuqala sophuhliso lwaseGlenhaven eBellville sineziza ezingama-416;
- Iprojekthi yeRegent Villas eMitchells Plain iya kuvelisa izondlu eziyi-104; kwaye
- Iprojekthi yesiGaba 2 saseBothasig yaqhubeka phambili kwikota yokugqibela ye-2019.

Ezi zindululo zilandelayo zobambiswano zathiwa thaca kwi-EXCO yeSebe ngoFebruwari 2020 kwaye ngokusekwe kuhlalutyo olunokwenzeka zavunywa ukuze zilandelwe:

- Izindlu eziNcediswa ngumqeshi eLangeberg;
- Ilibhokisi ze-APL Izindlu eziNcediswa nguMqeshi eBreede Valley; kwaye
- ITronox / Andisa FT kaMasipala waseMatzikama kunye naseSaldanha Bay.

Eziprojekthi zikhankanyiweyo zikwisigaba sokucwangcisa, ezibandakanya ukuvavanywa kwabaxhamli kwangaphambili ukuba kufanelekile ukuba bathenge izindlu kwintengiso yeFLISP, ukubakho kunye nokufumaneka kweziqingatha zemihlaba kubambiswano oluchongiweyo kunye neemfuno zomthetho.

3. Ukuphucula iimeko zokuhlala zabaxhamli ngokusebenzisa iNkqubo yokuHlaliswa koLuntu kwindawo ZoGob'ityholo (UISP)

Ukusukela oko kwaphehlelelwa kwesiCwangciso seNkxaso seNdawo zokuHlala zoGob'ityholo (ISSP) ngowama-2016, iSebe lisebenze nzima ukuguqula imeko kwindawo zogob'ityholo koomasipala abohlukeneyo. Ukuza kuthi ga ngoku, ngaphezulu kwamakhaya angama-45 000 kwiindawo zokuhlala ezingama-42 ezahlukeneyo kwiPhondo liphela sele zixhamle kwiinkonzo eziqalisiweyo. Ii-NGOs ezisibhozo ezikwimo eyakhiweyo zanceda iSebe ngezi nkqubo, ngokubandakanya abahlali kwinkqubo yokuphucula. Intsebenziswano yethu neSebe kuPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (i-DEDAT) ukuza kuthi ga ngoku ivelise uphuhliso kunye nokubeka phambili ngokuzisa ngaphambili izixhobo zePop-Up Design kunye ne-Build Incubator. Oku kwenziwa ngokudibeneyo neCraft and Development Institute, ngokusebenzisa i-Better Living Challenge (BLC).

4. Ukukhawuleziswa kweNkqubo yamathuba ezindlu

4.1. UkuNikezelwa kweZindlu

Ngexesha lonyaka-mali ka-2019/20, iSebe lihambise izondlu ezingama-8 038 xa kuthelekiswa noko bekujoliswe kuko ezingama-9 723, kunye neziza ezingama-5 842 xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe kuko okungama-6 486. Ukongeza koku, amathuba angama-2 337 e-EEDBS anikezelwa kubaxhamli, kuthelekiswa nenjongobekucetyiwe kuyo engama-650. Oku kukhokelele kumathuba ezindlu ayi-16 217 anikezelwe ngokuchasene neethagethi eziyi-16 859.

Uhlobo/Inkcazo	Okucetyiweyo	Okwenziweyo
Izindlu	9 723	8 038
Iziza ezifakelwe iinkonzo	6 486	5 842
Amathuba kwinkqubo ye-EEDBS	650	2 337
Amathuba ezindlu ewozonke	16 859	16 217

Ngokumalunga neeyunithi zezindlu, ukuqhuba kakubi kunokubangelwa kukulibaziseka kofakelo lweemitha zamanzi kunye nokunxibelelana kwentambo zombane. Ngaphandle kokuba lemicimbi igqityiwe, izatifikethi zokugqitywa azinakusayinwa. Ngokubhekiselele kwiziza ezilungiselelwe iinkonzo, iinkonzo bezingenakufakelwa kwezinye iziza, nanjengoko amalungu oluntu engafunanga ukufuduswa.

ISebe lijongana nokusombulula nalemicimbi, kwaye sele libeke iindlela ngeendlela zokuthomalalisa, ezinje:

- lintlanganiso zarhoqo zobugcisa noomasipala, ukuqinisekisa ukulungelelaniswa kwengxelo yokusebenza, kunye nokunciphisa izinto ezxhalabisayo;
- Uthethathethwano rhoqo noluntu ukujongana neenkxalabo abanokuba nazo; kwaye
- Chonga iiprojekthi ezinokuziswa ngaphambili okanye zikhawuleziswe ukunciphisa nayiphi na imiba yonyaka evela kwiprojekthi ezinemiceli mngeni yokuhanjiswa kweenkonzo.

5. Ukuphuculwa kweemeko zokuhlala zabaxhamli ngokhuthaza ubuninimzi

Iinzame ezimanyeneyo zenziwe liSebe ukuqinisekisa ukuba abaxhamli bethu bafumana ubunini obupheleleyo kwizindlu zabo. Ngelishesha liphantsi koqwalaselo, iSebe liqinisekise ukuba ama-8 491 zeziqinisekisi zobuninimzi ziye zadluliselwa kubaxhamli xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe kuko abangama-7 000. Lempumelelo inganxulunyaniswa nolwabiwo lweqela elizinikelweyo elinikwe umsebenzi wokukhawulezisa ukugqithiswa kweziqinisekisi zobuninimzi ngosebenzisa inkqubi yobuninimzi yokubuyiselwa kwezidima.

6. Ukukhuthaza ukuveliswa kwezinto ezintsha kunye nengcinga eziphucukileyo zokuphila

I-Sebe liyayiqonda into yokuba ukwenziwa kwezinto ngendlela ezintsha kubuchwephesha bokwakha kuzakuvula indlela yokuphuculwa kokuhlaliswa koluntu. Ke ngoko, kunyaka-mali ka-2019/20, iSebe lakha izindlu eziyi-1 684, kusetyenziswa ubuchwepheshe bokwakha ngokuzinzileyo, umbane, amanzi kunye nogutyulo lwelindle. Le yimpumelelo engaphaya xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe okungama-1 000 kwaye ibonisa iinzame ezimanyanisiweyo zeSebe ukukhuthaza ukwenziwa kwezinto ngendlela ezintsha kwanokuphila okungcono.

7. Ukuququzelelwa kokudalwa kwemisebenzi kunye namathuba okuxhotyiswa ngezakhono

Ukuzimisela kwethu kunye nenkqubela phambili ukuxhobisa abo babevinjwe amathuba ngaphambili kubangele ama-66.74% esiBonelelo soPhuhliso lweeNdawo zokuHlaliswa koLuntu (HSDG) ekuxhamleni kwiiKontrakta ezineziqinisekisi ze-HDI. Oku kubonakalisa imizamo yethu yokufezekisa injongo yotshintsho lwezoqoqosho, kwaye ekugqibeleni kunceda uninzi lwabemi boMzantsi Afrika.

Ukuzimisela kwethu ukuxhobisa ulutsha kukhokelele ekubeni abantu abatsha abayi-156 baqeqeshwe kumacandelo ahlukeneyo kulwakiwo, xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe okungama ne-150. Ukongeza oku, amathuba emisebenzi ayi-1 056 adaliweyo xa kuthelekiswa noko bekicetyiwe okungama-800. Oku kubaluleke kakhulu ekufezekiseni nasekuboniseni lphulo leSebe lokuqinisekisa ukuba ukudalwa kwamathuba emisebenzi kuyinxalenye yokuhanjiswa kweenkonzo zoluntu.

Iirisithi zeSebe

ISebe lidlulile kwisixa ekujoliswe kuso ngokuhlangeneyo kuhlahlo lwabiwo-mali lwengeniso ngezigididi ezingama-R67.044.

INGXELO EPHANGALELEYO

Itheyibhuli engezantsi ibonelela ngokucazululwa kwemali eqokelelweyo:

Iirisithi zeSebe	2019/2020			2018/2019		
	Uqikelelo	Isixa-mali esiqokelelweyo	Ngaphezulu)/ Ngaphantsi koQokelelo	Uqikelelo	Isixa-mali esiqokelelweyo	Ngaphezulu)/ Ngaphantsi koQokelelo
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ukuthengiswa kwempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu	116	119	(3)	110	203	(93)
Inzala, ulwahlulo kunye neRhafu yoMhlaba	738	98	640	698	1386	(688)
Ukuthengiswa kwee-asethi ezinkulu	-	8	(8)	-	7	(7)
Intengiselwano kwii-asethi zemali kunye namatyala	62 506	130 179	(67 673)	59 192	253 960	(194 768)
Iyonke	63 360	130 404	(67 044)	60 000	255 556	(195 556)

Ukuqokelelwa okungaphezulu kwengeniso yeSebe kubangelwe ikakhulu sisibonelelo soPhuhliso lweeNdawo zokuHlaliswa koLuntu eziDolophini (i-USDG) eyi-R88.419 yezigidi efunyenwe kwiSixeko saseKapa (i-CoCT) yeenkonzo zobunjineli zangaphakathi kwiprojekthi yezeZindlu zaseForest Village. ISebe lizakufaka isicelo kuNondyabo wePhondo ukuze kugcinwe imali eqokelelweyo ukuze isetyenziswe kwiiiprojekthi zeziseko zophuhliso ngo-2020/21.

Ukuthengiswa kwempahla kunye neenkonzo ngaphandle kwee-asethi ezinkulu kubandakanya i-R28 000 efunyenwe kumalungelo okusetyenziswa, i-R68 000 yekhomishini kwi-inshurensi kunye nemiyalelo ye-garnishee elawulwa nge-PERSAL, i-R1 000 yokuthengisa ii-asethi ezincinci, i-R19 000 yokuthengisa amaxwebhu ethenda kunye ne-R3 000 Ukuthengisa izinto ezindala, ezisebenzileyo kunye nezinye izinto ezikhoyo.

Okubandakanyiweyo kwimali yenzala, izabelo kunye nerenti yomhlaba ngama-R76 000 malunga namatyala eSebe kunye ne-R22 000 ngokubhekiselele kwiiiprojekthi ezahlukeneyo ze-PHP. Ingeniso encitshisiweyo efunyenwe ngo-2019/20 xa kuthelakiswa nonyaka ongaphambili ka-2018/19 kungenxa yeprojekthi ezininzi ze-PHP ezikwinqanaba lokugqitywa.

Isixa-mali esingama-R8 000 esifunyenweyo xa kuthengiswa ii-asethi ezinkulu senzelve oomatshini abadala kunye nezixhobo.

Okubandakanyiweyo kwiiirisithi zentengiselwano kwii-asethi eziyimali namatyala ziimali-mboleko kunye nenkqubela phambili malunga nabatyali beNgxowa-mali yoPhuhliso lweZindlu eNtshona Koloni (i-R12.012 yezigidi), inkxaso-mali ye-USDG efunyenwe kwiSixeko saseKapa (i-CoCT) yeenkonzo zobunjineli zangaphakathi. Iprojekthi yeZindlu Forest Village (R88.419 yezigidi), ukubuyiselwa kwexabiso lokubamba iiprothathi kwi-Arhente yoPhuhliso lweZindlu (i-HDA) (i-R10.934 yezigidi), ukuthengiswa kwezindlu ngokubhekisele kwiNkqubo yeNkxaso-mali yoLuntu ngokuHlanganisiweyo yezeziMali (R8.807 yezigidi) kunye nokuthengiswa kwezindlu eStellendale kumakhi (R4.289 yezigidi).

Inkqubo yenkcitho-mali

Itheyibhuli ezingezantsi zibonisa ukuhla kwezinto phakathi kweenkqubo ezahlukeneyo kunye nokutshintsha kunye nokuhanjiswa kwemali phakathi kokuhlengahlengiswa kwezoqoqosho:

IZINTO EZIHLAWULELWAYO NGOKWENKQUBO NGANYE

Inkqubo	Ulwabiwo oluhlenga-hlengisiweyo	Izinto ezihlawulelwayo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Surrenders/Rollovers	Eyona nkitho
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000
Inkqubo 1: ULawulo	115 847	6 960	122 807	-	122 807
Inkqubo 2: Iimfuno, Uphando kunye noCwangciso	28 767	(1 431)	27 336	-	27 336
Inkqubo 3: UPuhliso lweZindlu	2 503 448	(6 115)	2 497 333	349	2 496 984
Inkqubo 4: ULawulo lwee-aseti zeZindlu	36 059	586	36 645	-	36 645
Total	2 684 121	-	2 684 121	349	2 683 772

INGXOWA NEZIBONELELO NGOKUHLELWA KWEZOQOQOSHO

Inkqubo 1: Inkqubo yoLawulo (R 6 960 000)

Ukuhlelwa Kwezoqoqosho	Ulwabiwo oluhlenga-hlengisiweyo	Shifts	Izinto ezihlawulelwayo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkitho
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000
Imbuyekezo yaBasebenzi	88 045	(539)	5 117	92 623	92 623
Iimpahla kunye neenkonzo	21 231	15	541	21 787	21 787
Ii-arhente zeSebe kunye nee-Akhawunti	7	(1)	-	6	6
Amakhaya	294	248	199	741	741
Ukuhlawulwa kwee-aseti ezinkulu	5 970	421	1 103	7 494	7 494
Ukuhlawulwa kwee-aseti zemali	300	(144)	-	156	156
Iyonke	115 847	-	6 960	122 807	122 807

Inkcitho-mali iyonke egqithisileyo kwi-R6 960 000 yale nkqubo inezizinto zilandelayo:

- Inkcitho-mali egqithisileyo kwimbuyekezo yabasebenzi engama-R5 117 000;
- Iimpahla neenkonzo ezingama-R541 000 ezibandakanya ukutya (i-R11 000), abaCebisi (ama-R50 000) noKuhamba nezokutya (R480 000);
- Amakhaya: IziBonelelo zoLuntu (i-R199 000) kunye neNtlawulo yee-aseti ezinkulu ze-R1 103 000, ezibandakanya oomatshini nezixhobo (i-R483 000) kunye ne-Software kunye nee-aseti ezingaphathekiyo (R620 000).

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R5 117 000 yeMbuyekezo kuBasebenzi ibangelwe ngamalungu eNkundla yeZindlu eziQeshisayo, abasebenzi bekhontrakthi nabaFundi abafumana umvuzo kunyaka ophelileyo kuhlalo lwabiwo-mali lwe-OPSCAP, kodwa kunyaka-mali ka-2019/20 uhlalo lwabiwo-mali lwe-OPSCAP Abasebenzi bancitshiswa ukusuka kwi-R27 046 000 kunyaka-mali ka-2018/19 ukuya kwi-R14 629 000 kulo nyaka-mali u-2019/20, unciphiso lohlahlo lwabiwo-mali oluyi-R12 417 000. Ke ngoko, amalungu eNkundla yeZindlu

INGXELO EPHANGALELEYO

eziQeshisayo, abasebenzi bekhontrakthi kunye nabaFundayo ukusuka kwiNkqubo 1, okukhokelele kwinkcitho eyongezelelweyo eyi-R5 117 000 ethe yakhokelela kwinkcitho edlulileyo kwiNkqubo 1.

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R5 117 000 yokuhlawulwa kwabasebenzi izakuxhaswa ngemali kwinkcitho engaphantsi yokuHlawula abasebenzi kwiNkqubo yesi-2 neyesi-3.

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R541 000 kwimpahla kunye neenkonzo ziyakuxhaswa ngemali evela kwinkcitho engaphantsi kwempahla kunye neenkonzo kwiNkqubo yesi-2 neyesi-3.

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R199 000 kumakhaya: Izibonelelo zentlalo zibangelwa kukushiya isibonelelo kunye nezibonelelo zomhlala-phantsi kubasebenzi abaphuma kwinkonzo. Izakuxhaswa ngemali evela kwinkcitho-mali engaphantsi yokuhlawulwa kwabasebenzi kwiNkqubo 3.

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R1 103 000 kwiiNtlawulo zee-asethi eziyimali ziyakuxhaswa ngemali kunye nenkcitho-mali encinci kumakhaya kwiNkqubo yesi-3.

Imali ehlawulwa ngokupheleleyo kuleNkqubo ilingana ne-6.01% yemali eyabelweyo phantsi kwesi sahlulo siphambili kuQikelelo oluHlengahlengisiweyo lweRhafu neNkcitho-mali yango-2019.

Inkqubo 2: Iimfuno zeZindlu, uPhando noCwangciso (R1 431 000)

Ukuhlelwa Kwezoqoqosho	Ulwabiwo oluhlenga-hlengisiweyo	Shifts	Izinto ezihlawulelwayo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000
Imbuyekezo yaBasebenzi	26 926	(74)	(1 349)	25 503	25 503
Iimpahla kunye neenkonzo	1 820	-	(61)	1 759	1 759
Amakhaya	21	74	(21)	74	74
Iyonke	28 767	-	(1 431)	27 336	27 336

Iyonke inkcitho-mali engaphantsi kwe-R1 431 000 kule nkqubo inezizinto zilandelayo:

Inkcitho-mali engaphantsi kwinkcitho yeMbuyekezo yaBasebenzi efikelela kwi-R1 349 000, isetyenziswa ngaphantsi kwe-R61 000 kwiimpahla kunye neenkonzo: (Ukuty: i-R11 000, abaCebisi: i-R50 000) kunye nokuxhaswa ngemali kumakhaya: Izibonelelo zoLuntu: i-R21 000.

Inkcitho-mali engaphantsi kwenkcitho kwimbuyekezo yabasebenzi ebangelwe kukushiya imeko soMphathi oMkhulu kunye nokutshintshelwa koMphathi oPhakathi (kwinqanaba-11).

Inkcitho-mali engaphantsi kwinkcitho-mali yembuyekezo yabasebenzi iyakutshintshelwa kwimbuyekezo yabasebenzi kunye namakhaya: Izibonelelo zoLuntu kwiNkqubo yoku-1 ukuhlawulela inkcitho-mali engaphezulu kule Nkqubo.

Inkcitho-mali engaphantsi kwe-R61 000 kwimpahla kunye neenkonzo iya kutshintshelwa kwimpahla kunye neenkonzo kwiNkqubo 1 ukuhlawula inkcitho engaphezulu kule Nkqubo.

Inkcitho-mali engaphantsi kwe-R21 000 kumakhaya: Izibonelelo zoLuntu ziyakutshintshelwa kumakhaya: Izibonelelo zoLuntu kwiNkqubo 1 ukuhlawula inkcitho engaphezulu kule Nkqubo.

Imali iyonke ilingana ne-4.97% yemali eyabelweyo phantsi kwesisahlulo iphambili kuQikelelo oluHlengahlengisiweyo lweRhafu neNkcitho-mali ka-2019.

Inkqubo 3: Uphuhliso lwezindlu (R6 115 000)

Ukuhlelwa Kwezoqoqosho	Ulwabiwo oluhlenga-hlengisiweyo	Shifts	Izinto ezihlawule-lwayo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkitho
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000
Imbuyekezo yaBasebenzi	108 540	(1 011)	(4 342)	103 187	103 038
Iimpahla kunye neenkonzelo	83 937	(24 735)	(480)	58 722	58 600
AmaPhondo kunye NooMasipala	79 964	5 135	-	85 099	85 099
Iziko leMfundo ePhakamileyo	400	-	-	400	400
AmaZiko angenzi nzuzo	1 000	-	-	1 000	1 000
Amakhaya	2 227 492	20 611	(1 293)	2 246 810	2 246 732
Ukuhlawulwa kwee-asethi zemali	2 115	-	-	2 115	2 115
Iyonke	2 503 448	-	(6 115)	2 497 333	2 496 984

Iyonke inkcitho-mali engaphantsi kwe-R6 115 000 kulenkqubo inezi zinto zilandelayo:

Inkcitho-mali engaphantsi kwe-R4 342 000 yokuhlawulwa kwabasebenzi, inkcitho-mali engaphantsi kwe-R480 000 kwimpahla kunye neenkonzelo kunye nenkcitho-mali engaphantsi koGqithiso kumakhaya kwi-R1 293 000.

Inkcitho-mali engaphantsi kwe-R4 342 000 yeMbuyekezo kuBasebenzi ibangelwe kukungazaliswa kwezithuba ze-OSD ezingenamntu kunye nenyani yokuba uhlahlo-lwabiwo mali lwe-OPSCAP COE lwacuthwa nge-R12.417 yezigidi. Lenkcitho-mali ingaphantsi iyakutshintshelwa kwezi nkqubo zilandelayo:

Inkqubo 1: Ukuhlawulwa kwabasebenzi R 3 967 000

Inkqubo 4: Amakhaya: Izibonelelo zeNtlalo-ntle R 375 000

Inkcitho-mali engaphantsi kwe-R480 000 kwimpahla kunye neenkonzelo iyakutshintshelwa kwimpahla kunye neenkonzelo ezikwiNkqubo 1 ukujongana nenkcitho-mali engaphezulu kuloo Nkqubo.

Inkcitho-mali engaphantsi kwe-R1 293 000 kwiMizi iyakutshintshelwa kwezinkqubo zilandelayo ngoluhlobo ukuhlawulela inkcitho-mali engaphezulu kwezinkqubo:

Inkqubo 1: ImPahla yezoThutho - R 462 000

Inkqubo 1: Isoftware neeMpahla ezingaphathekiyo R 620 000

Inkqubo 4: OoRhulumente bamaPhondo NabaseMakhaya R 211 000

Iyonke intengiselwano ilingana ne-0.24% yemali eyabelweyo phantsi kwesi sahlulo siphambili kuQikelelo oluHlengahlengisiweyo lweRhafu neNkcitho-mali ka-2019.

INGXELO EPHANGALELEYO

Inkqubo 4: ULawulo lwee-aseti zeZindlu (R 586 000)

Ukuhlelwa Kwezoqoqosho	Ulwabiwo oluhlenga-hlengisiweyo	Shifts	Izinto ezihlawule-lwayo	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho
	R '000	R '000	R '000	R '000	R '000
Imbuyekezo yaBasebenzi	24 976	(698)	-	24 278	24 278
Iimpahla kunye neenkonzo	9 840	(267)	-	9 573	9 573
AmaPhondo kunye NooMasipala	1 000	507	211	1 718	1 718
Amakhaya	243	458	375	1 076	1 076
Iyonke	36 059	-	586	36 645	36 645

Inkcitho-mali egqithileyo kwi-R586 000 kulenkqubo inezizinto zilandelayo:

Inkcitho-mali egqithisileyo kumaPhondo nooMasipala: lirhafu kunye neerhafu R 211 000

Inkcitho-mali egqithisileyo kumakhaya: IziBonelelo zezeNtlalo ngama-R 375 000

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R211 000 kumaPhondo nakooMasipala ngeerhafu kunye neerhafu ziyakuxhaswa ngemali kwinkcitho-mali engaphantsi kolunye ugqithiselo lwezibonelelo kumakhaya kwiNkqubo 3.

Inkcitho-mali engaphezulu kwe-R375 000 kwiMizi: Izibonelelo zentlalo ziyakuxhaswa ngemali kwinkcitho-mali engaphantsi kwembuyekezo yabasebenzi kwiNkqubo 3.

Iyonke intengiselwano ilingana ne-1.63% yemali eyabelwe elicandelo liphambili kuQikelelo oluHlengahlengisiweyo lweRhafu neNkcitho ka-2019.

Yonke imirhumo ekhankanywe apha ngentla ingaphakathi komyinge we-8% ngokweCandelo lama-43 (2) lePFMA.

Letheyibhuli ingezantsi ibonisa incitho-mali ngokwenkqubo nganye:

Inkqubo	2019/2020			2018/2019		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Inkcitho (eqgithisileyo)/ Enganeno	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Inkcitho (eqgithisileyo)/ Enganeno
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
ULawulo	122 807	122 807	-	107 883	106 692	1 191
Iimfuno, Uphando kunye noCwangciso	27 336	27 336	-	25 282	25 282	-
UPhuhliso lweZindlu	2 497 333	2 496 984	349	2 272 138	2 184 379	87 759
ULawulo lwee-aseti zeZindlu	36 645	36 645	-	35 978	35 978	-
Iyonke	2 684 121	2 683 772	349	2 441 281	2 352 331	88 950

INGXELO EPHANGALELEYO

A

Ingcaciso ngomahluko	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Uahluko	Uahluko ngokwe-% yoLwabiwo-mali lokuGqibela
	R'000	R'000	R'000	%
Inkqubo 3: Uphuhliso lwezindlu	2 497 333	2 496 984	349	0

Inkcitho-mali engaphantsi kwinkcitho yangoku ibangelwe ziindlela zokuthintela iindleko kunye nokuchitha ngaphantsi kuGqithiso kumakhaya kungenxa ye-invoysi yokugqibela malunga neSibonelelo seZindlu esiNgxamisekileyo sePhondo esingafunyenwanga ungalulanga umhla wama-31 kuMatshi 2020

Ingcaciso yomahluko ngokucalulwa ngokwezoqoqosho	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Eyona nkcitho	Uahluko	Uahluko ngokwe-% yoLwabiwo-mali lokuGqibela
	R'000	R'000	R'000	%
Inkqubo 3: U-Phuhliso lweZindlu				
Imbuyekezo yaBasebenzi	103 187	103 038	149	0,14
iMpahla kunye neeNkonzo	58 722	58 600	122	0,2
Ukugqithiselwa kunye neenkxaso: Amakhaya	83 773	83 695	78	0,09
Isibonelelo seZindlu esiNgxamisekileyo sePhondo				
Iyonke	245 682	245 333	349	0,14

Iimali eziza kunikezelwa: R271 000

Iimali eyongiwe ngenxa yenkcitho-mali engaphantsi kuhlawulelo lwabasebenzi efikelela kwi-R149 000 kunye nokonga kwimpahla kunye neenkonzole ze-R122 000 ziya kunikezelwa kuNondyebo wePhondo.

Inkcitho-mali engaphantsi kwinkcitho yembuyekezo yabasebenzi kunye neempahla kunye neenkonzole, (Ukuhamba nokutya) kungenxa yemilinganiselo yokuthintela iindleko.

Iimali ezakugqithiselwa: R78 000

ISebe lizakwenza isicelo sokugqithiselwa kwinkcitho-mali engaphantsi kwama-R78 000 kwiSibonelelo seZindlu esiNgxamisekileyo sePhondo.

Inkcitho-mali engagunyaziswanga, engenanzuzo neyilahleko

Akukho nkcitho-mali ingagunyaziswanga okanye ingenanzuzo neyilahleko ethe yenziwa liSebe kulonyaka uphantsi kophononongo.

Ubambiswano namaQumrhu abucala (PPPs)

ISebe alikhange lingene kubambiswano namaQumrhu abucala kulonyaka-mali

Imisebenzi eyekiweyo / imisebenzi ezakuyekiswa

Akukho misebenzi mayiyekwe.

Imisebenzi emitsha okanye ecetywayo

Akukho misebenzi mitsha / icetywayo iqatshelweyo kulonyaka uphantsi kophononongo.

ULawulo lweNkqubo yeziNiki maxabiso

Akukho zindululo zingacelwanga zokubhida ezigqityiweyo kulonyaka uphantsi kophononongwayo.

INGXELO EPHANGALELEYO

Inkqubo yokongamela kwenziwa luLawulo lwaNgaphakathi kwiinkqubo yoLawulo lweNkqubo yeziNiki maxabiso. Oku kubandakanya ukuqeshwa kweekhontrakthi kwaye ngenxa yoko iintlawulo zibhekise ekuthabatheni nasekuthinteleni inkcitho-mali engekho mgaqweni kulonyaka uphantsi kophononongwayo.

ISebe lisuke kwimeko eligqithisayo laya kwiSebe eliphumeza oko. Ukusekwa kweSebe akuzange kwahlengahlengiswa kwangoko ukulungiselela inkqubo yeziniki maxabiso yolwaxhiwo, i-kungoko ke, iye yafumana imiqobo kwinkqubo yoLawulo lweNkqubo yeziNiki maxabiso (SCM). Isebe belisoloko lithetha-thethana noNondyebo Wephondo ukuze linyuse isabelo sesikolo esisebenzisana nokujongana noku.

Kwizipho ezinobubele kunye neminikelo ebonelelwe liSebe okanye efunyenwe ivela kumaqela angekho phantsi kwecandelo lokwakha:

Ezizipho naleminikelo ilandelayo yakinezelwa liSebe:	R'000
Umnikelo kukhuphiswano loLutsha lwaseKhaya	37
Imfesane yovelwano kunye neebhasikithi zeziqhamo	13
Amakhonkco aphambili okudibanisa izitsixo zezindlu (kubaninimizi)	3
Isenzo sokuBabalwa	22
Iyonke	75

Akukho zipho kunye neminikelo efunyenweyo esuka kwabo bangasebenzisani neSebe

Ukuxolelwa kwanokunxaxha okufunyenwe kuNondyebo weSizwe

Akukho kukhululwa kwi-PFMA okanye kwiMimiselo ye-Ofisi kaNondyebo okanye ukuphambuka kwiimfuno zokwenza ingxelo zezimali ebezisetyenziselwe okanye ezifunyenwe kulo nyaka-mali ungoku kunye / okanye ongaphambili.

Akukho misebenzi yenziweyo emva komhla wokunika ingxelo

Akubangakho ziganeke/misebenzi ihlengahlengiswayo emva komhla wokunikwa kwengxelo.

Amalungiselelo oMphathi -Qumrhu

Jonga iNqaku 29 leeNgxelo zeziMali zoNyaka (i-AFS).

Amaqela ahambelana noko

ISebe likwisakhiwo simahla, esilawulwa liSebe lezoThutho neMisebenzi yoLuntu.

Iindawo zokupaka iimoto zikwabonelelwa ngamagosa aseburhulumenteni ngentlawulo evunyiweyo engahambelani namarike

ISebe lifumene iinkonzo zequmrhu kwiZiko leeNkonzo eziHlanganisiweyo zoLuntu (CSC) leSebe leNkulumbuso ukususela nge-1 Novemba 2010. Ezi zinxulumene nale mimandla yeenkonzo ilandelayo:

Ulwazi neTekhnoloji yoNxibelelwano;

- Uphuhliso lweSebe;
- Uqeqesho kwiPhondo (olonqamlezileyo);
- Ulawulo lwaBasebenzi;
- Ulawulo loMngcipheko wezoShishino;
- Uphicotho-zincwadi lwangaphakathi;
- Uphando lwe-Forensic kwiPhondo;
- Iinkonzo Zomthetho; kunye
- Unxibelelwano ngokuManyanisiweyo.

ISebe linequmrhu elinye kuphela elingekho kuludwe oluphantsi kolawulo lwalo, oko kukuthi, iNgxowa-mali yoPhuhliso lweZindlu eNtshona Koloni.

Kwakungekho ntengiselwano phakathi kweSebe kunye neNgxowa-mali yoPhuhliso lweZindlu eNtshona Koloni.

ISebe lisebenzisa iimoto zikarhulumente ezilawulwa li-Candelo leMoto likaRhulumente (GMT), ezisekwe kumaxabiso avunyiweyo nguNondyebo Wephondo.

ISebe lifumene iiNkonzo zokuCebisa ngoKhuseleko kunye nokuSebenza koKhuseleko, kunye neenkukacha zolawulo lokufikelela kwiSebe lezoKhuseleko loLuntu eNtshona Koloni.

Okunye

Azikho ezinye izinto ezibonakalayo okanye iimeko, ezinokuthi zibe nefuthe ekuqondeni imeko yezemali engakhange ibhekiswe kwenye indawo kule ngxelo.

Ukwamkelwa / uxabiso okanye uxabiso

Ndingqwenela ukuvakalisa umbulelo wam kuMphathiswa wePhondo wokuHlaliswa koLuntu, abasebenzi beSebe, abasebenzi boMphicothi-zincwadi Jikelele, iKomiti yoPhicotho-zincwadi, iPalamente yePhondo, iZiko leeNkonzo eziHlanganisiweyo (CSC), uNondyebo wePhondo noomasipala ngokuncedisa iSebe ekuziseni izindlu. kwiNtshona Koloni iphela kulonyaka uphantsi kophononongwayo.

Ukuvunywa nokusayinwa

IiNkcukacha zeMali zoNyaka ezichazwe kumaphepha 156 - 233 kwaye zamkelwe liGosa elinika ingxelo.



Nksz. J Samson

I-Gosa eliNika Ingxelo

ISebe lokuHlaliswa koLuntu

Umhla: 31 Julayi 2020

5. INGXELO YOXANDUVA NOQINISEKISO LOKUCHANEKA KWENGXELO YONYAKA

Ngokolwazi lwam nangokholo lwam, ndiyakuqinisekisa oku kulandelayo:

Zonke iinkcukacha kunye nezixa-mali ezichaziweyo kwingxelo yonyaka ziyafana. Ingxelo yonyaka igqityiwe, ichanekile kwaye akukho nasiphi na isaphulelo. Ingxelo yonyaka ilungisiwe ngokuhambelana nezikhokelo ezikwiNgxelo yoNyaka njengoko ikhutshwe nguNondyebo weSizwe.

IiNkcukacha zeziMali zoNyaka (Icandelo E) zilungiswe ngokungqinelana nomgangatho wemali olungisiweyo kunye nezikhokelo ezifanelekileyo nezikhokelo ezikhutshwe nguNondyebo weSizwe.

I-Gosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokulungisa iingxelo-mali zonyaka kunye nezigqibo ezenziwe kulenkcazelo. I-Gosa eliNika iNgxelo linoxanduva lokuseka nokumilisela inkqubo yolawulo lwangaphakathi eyilelwe ukubonelela ngesiqinisekiso esifanelekileyo malunga nokuthembeka kunye nokuthembeka kweenkcukacha zomsebenzi, iinkcukacha ngemicimbi yabasebenzi kunye neengxelo zemali zonyaka.

Abaphicothi-zincwadi bangaphandle bayazibandakanya ukuveza uluvo oluzimeleyo kwiingxelo zemali zonyaka.

Ngokoluvo lwam, ingxelo yonyaka ibonisa imisebenzi, iinkcukacha zendlela yokusebenza, ulwazi ngemicimbi yabasebenzi kunye nenkcukacha zemali yeSebe kunyaka-mali ophela ngomhla wama-31 kweyoKwindla 2020.

Owenu othembekile



Nksz. J Samson
I-Gosa eliNika Ingxelo
ISebe lokuHlaliswa koLuntu
Umhla: 31 Julayi 2020

6. UJOLISO LWETHU KWISICWANGCISO SOBUCHULE

6.1 Umbono

Abahlali baseNtshona Koloni bayafikelela kwiindawo zokuhlala ezifanelekileyo, ezifikelekayo, ezikhuselekileyo kunye kwiindawo ezinodidi olwahlukeneyo lwezindlu.

6.2 Umnqophiso

Injongo yeSebe lokuHlaliswa kwaBantu yile:

- Ukubonelela ngeendawo zokuhlala ezineenkonzong ezingundoqo kunye nezoqoqosho ekuhlaleni;
- Ukunikezela ngamathuba ahlukeneyo endawo zokuqeshisa kunye nobuninimzi ngokubujongana neemfuno ezahlukahlukeneyo kunye nemivuzo yamakhaya; kwaye;
- Ukuqhubekeka ngokuphucula indawo yokuhlala ngokubambisana nabemi kunye nemigudu karhulumente oxhaswe ngamacandelo olawulo abucala.

6.3 Iinkqobu Zokuziphatha

I-Sebe lokuHlaliswa koLuntu lihambelana nemigaqo yeBatho Pele kwakunye nezo zoRhulumente weNtshona Koloni. ISebe liye lacacisa ngokubanzi iinkqobu zokuziphatha ukuze lizenze zihambelane ngqo ngokwegunya leSebe:

Isakhono - ijolise ekuphuhliseni abasebenzi, indlela ethili kunye neenkqubo ezifanelekileyo ukwenzela ukuba iSebe lisebenze ngokufanelekileyo ekunikezeni igunya layo kwaye lifezekise iziphumo zobuchule kunye neenjongo;

Ukuphendula - ukwenza izinto ngokuphandle nangokucacileyo malunga noko sifuna ukuphumeza, kunye nokusebenza kwethu ngokubhekiselele kwiinjongo zethu eziqulunkqwe ngaphambili.

Ukuthembeka - ukwenza izinto ngokuthembekileyo nangomdla weSebe, abahlawuli berhafu kunye noluntu esilusebenzelayo, ukuthatha amanyathelo ukuphucula ulawulo olululo, ukukhusela nokulwa urhwaphilizo kunye nolawulo olugwenxa.

Ukuphenduliswa - ukuqinisekisa ukuba ukuhlaliswa koluntu esikukhuthazayo, kunceda kwaye kuququzelela impendulo kwimfuno zoluntu lwethu, kwaye sibaphatha ngentlonelo ngokubonisana nabo ngokufanelekileyo, ukugcina befumana ilwazi, nokuphendula kwizicelo, izikhalazo, imibuzo, izicelo ngexesha kunye nangokufanelekileyo.

Ukukhathala - ukuphatha abantu ngovelwano ekuphenduleni iimfuno zabo, ukubeka phambili iimfuno zabo basemingciphekweni ekuhlaleni xa sichonga iiprojekthi ukuxhasa ngezimali kunye nokuqinisekisa ukuba oomasipala benza ngokufanayo malunga nokukhethwa kwabaxhamli

Ukusungula indlela ezintsha - Ukwamkela imbono ezimitsha nokuphuhlisa izisombululo zobunono kwimiceli-mingeni ngendlela efanelekileyo.

7. UMTHEHO NAMANYE AMAGUNYA

7.1 Amagunya oMgaqo-siseko

Isahluko 2 (umQulu wamaLungelo) kumMgaqo-siseko, iCandelo lama-26 lifuna uRhulumente ukuba enze oku kulandelayo:

- Ukuthatha amanyathelo afanelekileyo owiso-mthetho namanye amanyathelo, ngokusebenzisa izixhobo ezikhoyo, ukuphumeza ukuqondwa okuqhubela phambili kwelungelo lomntu wonke lokufumana izindlu; kwaye
- Ukuqinisekisa ukuba akukho mntu ukhutshiweyo kwikhaya lakhe, okanye adilizelwe indlu yakhe ngaphandle komyalelo wenkundla, emva kokuqwalaselwa kwazo zonke iimeko ezifanelekileyo.


UMgaqo-siseko ukwabonelela ukuba izindlu sisakhono esibanjwa ngaxeshanye ngoorhulumente besizwe nabamaphondo.

7.2 Izigunyaziso ezisemthethweni

Lemithetho ingundoqo ilandelayo ilawula imeko yezindlu:

- i. Mthetho weZindlu Housing (Mthetho 107 ka 1997);
- ii. Mthetho yokuThintelo ukuGxothwa ngokungekho Mthethweni kwabo baHlala ngokuNgekho Mthethweni eMhlabeni (uMthetho 19 ka-1998);
- iii. Mthetho waManyathelo wokuKhusela abaThengi beZindlu (Mthetho 95 ka-1998)
- iv. Mthetho wokuQeshisa ngeZindlu (Mthetho 50 ka 1999);
- v. Mthetho weZibonelelo ngeziMali zeZindlu kunye nokuChazwa kweMali-mboleko (Mthetho 63 vi. ka-2000)
- vii. Mthetho weQumrhu loPhuhliso lweZindlu (Mthetho 23 ka 2008);
- viii. Mthetho weZindlu zeNtlalo-ntle (uMthetho 16 ka-2008);
- ix. Mthetho weCandelo lokuLawulwa lweziQinisekisi zobuNini-mzi (Mthetho 8 ka-2011)
- x. Mthetho weNkonzo zoLuntu ze-Ombudsman (Mthetho 9 ka-2011)
- xi. Mthetho woPhuhliso lweZindlu eNtshona Koloni (Mthetho 6 ka 1999); kunye
- xii. Mthetho wesiCwangciso sokuSetyenziswa koMhlaba eNtshona Koloni (Mthetho 3 ka 2014).

8. UBUME BESEBE



9. AMAQUMRHU ANIKA INGXELO KUMPHATHISWA

Azikho



Belhar CBD



**INGXELO
NGENDLELA
YOKUSEBENZA**

Departmental Performance

reporting

Legislative

FLISP subsidies

Service Delivery

Public Private Partnerships

Affordable Housing

Actual achievement

Budget

Performance Indicator

Auditor serviced sites

UISP Beneficiaries

housing opportunities

Housing Demand Database

PERFORMANCE

INFORMATION

1. INGXELO YOMPHICOTHI-ZINCWADI JIKELELE: IINJONGO EZIMISELWE KUSENGAPHAMBILI

UMphicothi-zincwadi Jikelele woMzantsi Afrika (i-AGSA) ngoku wenza iinkqubo ezithile zophicotho-zincwadi kwiinkcukacha zomsebenzi ukubonelela ngesiqinisekiso esifanelekileyo kwisigqibo sophicotho-zincwadi. Iziqokumbo zophicotho-zincwadi ngentsebenzo xa kuthelekiswa neenjongo ezimiselwe kwangaphambili zibandakanyiwe kwingxelo eya kubaphathi, kunye nezinto ezifunyanisiweyo ezixeliweyo phantsi kwesihloko seenjongo ezimiselwe kwangaphambili kwiNgxelo malunga nelinye icandelo leemfuno zomthetho nezolawulo kwingxelo yomphicothi zincwadi.

Jonga kwiphepha leXXX leNgxelo yoMphicothi-zincwadi Jikelele, epapashwe njengeCandelo E: Ulwazi lwezeMali.

2. INKCAZELO NGOKUSEBENZA KWESIBE

2.1 Ubume Bemeko Yohanjiso Lweenkonzo

Zininzi izinto zangaphandle ezinempembelelo kwinkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo. Ezi zinto zinokubalelwa zizinto ezahlukeneyo, ezinje ngokukhula kancinci koqoqosho, kunye nezinto ekuphikiswana kakhulu ngayo kwezopolitiko. Oku kulandelayo yingxelo yezinye zezi zinto:

2.1.1 Amandla kamasipala

TiSebe libek'esweni kwaye libaxhase oomasipala ukuze bakwazi ukwenza imisebenzi yabo ngokufanelekileyo. Oomasipala basebenza kwimeko enzima kwaye oku kunefuthe kwindlela abaqhuba ngayo. Kulemeko, iinzame zeSebe zokuxhobisa nokuxhasa oomasipala liphucule amandla oomasipala kwinqanaba leprojekthi. Nangona kunjalo, ngelixa amandla kamasipala ephuculiwe, iSebe bekusafuneka lithathe uxanduva lokuphumeza iiprojekthi ezithile, ngenxa yemiceli-mingeni kwabanye oomasipala.

2.1.2 Ukungabikho kozinzo kwindawo ezihlala uluntu

Ukuhlala ngenkani kumhlaba kunye noqhankqalazo kuye kwaqhubeka kusiba ngowona mngcipheko uphambili kwiSebe, kubangele ukulibaziseka kwiiiprojekthi, kunye nefuthe elibi kunikezelo lweenkonzo. Ngapha koko, Ukungabikho kozinzo kwindawo ezihlala uluntu kubeka uxinzelelo kuhlahlo-lwabiwo mali, kuba oko kuhlala kuthetha ukuba iSebe kufuneka lisebenzise ukhuseleko olongezelelekileyo, lubiyele iindawo apho kukho iiprojekthi zezindlu ukuze zikhuseleke kwaye lubonelele ngohlahlo-lwabiwo-mali ukulungiselela umangalelo, apho kuyimfuneko.

2.1.3 Ubume bezezimali

Ukuhlala ngenkani kumhlaba kunye noqhankqalazo kuye kwaqhubeka kusiba ngowona mngcipheko uphambili kwiSebe, kubangele ukulibaziseka kwiiiprojekthi, kunye nefuthe elibi kunikezelo lweenkonzo. Ngapha koko, Ukungabikho kozinzo kwindawo ezihlala uluntu kubeka uxinzelelo kuhlahlo-lwabiwo mali, kuba oko kuhlala kuthetha ukuba iSebe kufuneka lisebenzise ukhuseleko olongezelelekileyo, lubiyele ngocingo iindawo apho kukho iiprojekthi zezindlu ukuze zikhuseleke kwaye lubonelele ngohlahlo-lwabiwo-mali ukulungiselela umangalelo, apho kuyimfuneko.

2.2 IsinCwangciso sokuPhucula Uhanjiso Lweenkonzo

I-Sebe liqulunkqe kwaye laphumeza isiCwangciso sokuPhuculwa kokuHanjiswa kweNkonzo (SDIP) ngomhla woku-1 ku-Epreli 2018 ukuya kumhla wama-31 kkuMatshi ngo-2021. Ezitheyibhuli zingezantsi zibonisa isicwangciso sokuhanjiswa kweenkonzo kunye nempumelelo ukuzakuthi ga ngoku.

Inqanaba kunye neenkonzo eziphambili

linkonzo eziphambili	Abaxhamli	Umgangatho wangoku/ onguwo wenkonzo	Umgangatho wenkonzo onqwenelekayo	Ezona zinto ziphunyeziweyo
Inkqubo yoBonelelo ngeZindlu eliFikelelekayo	<ul style="list-style-type: none"> Amaqela/uluhlu elinemivuzo ephakathi 	<ul style="list-style-type: none"> Amathuba ezindlu abonelelwe ngayo angama-749. Impumelelo yokuphumeza ngaphezu kokulindelekileyo ibangelwe yimfuno ephezulu yenkxaso-mali engahambelani namatyala kunye neNkqubo yeFLISP kunokuba bekulindelwe. 	<ul style="list-style-type: none"> Amathuma ezindlu angama-1102 	<ul style="list-style-type: none"> Amathuba ezindlu angama 1606 abonelelweyo. Impumelelo yokuphumeza ngaphezu kokulindelekileyo ibangelwe yimfuno ephezulu yenkxaso-mali engahambelani namatyala kunye neNkqubo yeFLISP kunokuba bekulindelwe.
Inkqubo yokubonelela ngeziza ezinenkonzo kubaxhamli	<ul style="list-style-type: none"> Abaxhamli abafanelekileyo abakuVimba weNkcukacha weZindlu 	<ul style="list-style-type: none"> Iziza ezinenkonzo ezingama - 8 872 ezinikezelweyo Impumelelo yokuphumeza ngaphezu kokulindelekileyo ibangelwe kukukhawuleziswa kweziza ezinenkonzo ze-UISP 	<ul style="list-style-type: none"> Iziza ezinenkonzo ezingama - 9 500 	<ul style="list-style-type: none"> Kunikezelwe ngeziza ezinenkonzo eziyo - 5 842 Ukuphumeza ngaphantsi koko bekulindelekile kubangelwe kukungafakwa kweenkonzo kwezinye iziza, kwaye oku kubangelwe ngamanye amalungu oluntu engafunanga ukufuduswa.

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

Ulungiselelo nabaxhamli ngokuhambelana neNkqubo yeBatho Pele (Unxibelelwano nokufikelela njl.njl.)

Ngoku/ulungiselelo olululo	Ulungiselelo olulindelekileyo	Ezona zinto ziphunyeziweyo
Inkqubo yokuBonelelo ngeZindlu zeXabiso eliFikelekayo		
<p>Ukubonisana/Ukunxibelana: a) lintlanganiso ze-IGR zoLungelelwaniso zoBuchule zeZgingqi zabanjwa noomasipala. Ngaphaya koko, iintlanganiso zabanjwa rhoqo noluntu ukujongana neenkxalabo zabo.</p> <p>Ngokuzithoba: a) Abaxhamli banokufumana ulwazi olufanelekileyo kwiZiko lemibuzo leSebe elise-27 Wale Street eKapa. Ngapha koko, amagosa aqeqeshelwe ukujongana nemibuzo ebuzwe ngabafaki zicelo kunye okanye nabaxhamli ngendlela ethobekileyo kunye nokujonga uMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente.</p> <p>Ukufikelela: a) Lenkonzo iyafumaneka kwiZiko lemibuzo leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elise-27 Wale Street eKapa</p> <p>Impumelelo eyongezelelweyo: b) Ngokusebenzisa abaphathi beprojekthi</p> <p>Ukwenza ngokuphandle kunye nokungafihli: a) Ingxelo yaBemi ipapashwa kumaphepha-ndaba afumaneka kwindawo ezihlala uluntu nawoluntu. b) libhokisi zeziphakamiso zabekwa kwiZiko lesebe elijongene nemibuzo elikwi-27 Wale Street, eKapa ukuze lisetyenziswe luluntu. Iingcebiso zajongwa zaqwalaselwa.</p> <p>Ukusetyenziswa kwemali ngokukuko: a) Isheshoni malunga nokufundisa ngabaxhamli zenziwe ngaphakathi kiSebe, kungoko kungekho ndleko zongezelelekileyo zenziweyo</p> <p>Iinkcukacha ezongezelelweyo: b) I-R63 609 286.18 isetyenziswe kwinkxaso-mali yomntu ngamnye.</p>	<p>Ukubonisana/Ukunxibelana: a) lintlanganiso ze-IGR ezibanjwa rhoqo ngekota kunye nabo bonke oomasipala ukujonga inkqubela phambili nokusombulula iinkxalabo.</p> <p>Ngokuzithoba: a) Iziko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu yamkela bonke abaxhamli ngembeko kwaye ithathela ingqalelo uMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente.</p> <p>Ukufikelela: a) Iziko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elise-27 Wale Street eKapa</p> <p>Ukwenza ngokuphandle kunye nokungafihli: a) Ingxelo yaBemi ipapashwa kumaphepha-ndaba afumaneka kwindawo ezihlala uluntu nawoluntu. b) libhokisi zokufaka iingcebiso kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu</p> <p>Ukusetyenziswa kwemali ngokukuko: a) Isheshoni malunga nokufundisa ngabaxhamli zenziwe ngaphakathi kiSebe, kungoko kungekho ndleko ongezelelekileyo zenziweyo</p>	<p>Ukubonisana/Ukunxibelana: a) lintlanganiso ze-IGR zoLungelelwaniso zoBuchule zeZgingqi zabanjwa noomasipala. Ngaphaya koko, iintlanganiso zabanjwa rhoqo noluntu ukujongana neenkxalabo zabo</p> <p>Ngokuzithoba: a) Abaxhamli banokufumana ulwazi olufanelekileyo kwiZiko lemibuzo leSebe elise-27 Wale Street eKapa. Ngapha koko, amagosa aqeqeshelwe ukujongana nemibuzo ebuzwe ngabafaki zicelo kunye okanye nabaxhamli ngendlela ethobekileyo kunye nokujonga uMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente.</p> <p>Ukufikelela: a) Lenkonzo iyafumaneka kwiZiko lemibuzo leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elise-27 Wale Street eKapa</p> <p>Impumelelo eyongezelelweyo: b) Ngokusebenzisa abaphathi beprojekthi</p> <p>Ukwenza ngokuphandle kunye nokungafihli: a) Ingxelo yaBemi ipapashwa kumaphepha-ndaba afumaneka kwindawo ezihlala uluntu nawoluntu. b) libhokisi zeziphakamiso zibekwe kwiZiko lokuHamba ukuze zisetyenziswe luluntu kwaye iingcebiso ziyajongwa kwaye ziqwalaselwe.</p> <p>Ukusetyenziswa kwemali ngokukuko: a) Isheshoni malunga nokufundisa ngabaxhamli zenziwe ngaphakathi kiSebe, kungoko kungekho ndleko zongezelelekileyo zenziweyo</p> <p>Iinkcukacha ezongezelelweyo: b) I-R139 514 isetyenziswe kwinkxaso-mali yomntu ngamnye.</p>

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

Ngoku/ulungiselelo olululo	Ulungiselelo olulindelekileyo	Ezona zinto ziphunyeziweyo
Inkqubo yokuBonelela ngeZiza ezineNkonzo kubaXhamli		
<p>Ukubonisana/Ukunxibelana: a) Iintlanganiso ze-IGR zoLungelelwaniso zoBuchule zeZgingqi zabanjwa noomasipala. Ngaphaya koko, iintlanganiso zabanjwa rhoqo noluntu ukujongana neenkxalabo zabo.</p> <p>Ngokuzithoba: a) Abaxhamli banokufumana ulwazi olufanelekileyo kwiZiko lemibuzo leSebe elise-27 Wale Street eKapa. Ngapha koko, amagosa aqeqeshelwe ukujongana nemibuzo ebuzwe ngabafaki zicelo kunye okanye nabaxhamli ngendlela ethobekileyo kunye nokujonga uMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente.</p> <p>Ukufikelela: a) Lenkonzo iyafumaneka kwiZiko lemibuzo leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elise-27 Wale Street eKapa</p> <p>Impumelelo eyongezelelweyo: b) Ngokusebenzisa abaphathi beprojekthi</p> <p>Ukwenza ngokuphandle kunye nokungafihli: a) Ingxelo yaBemi ipapashwa kumaphepha-ndaba afumaneka kwindawo ezihlala uluntu nawoluntu. b) Iibhokisi zeziphakamiso zabekwa kwiZiko lesebe elijongene nemibuzo elikwi-27 Wale Street, eKapa ukuze lisetyenziswe luluntu. Iingcebiso zajongwa zaqwalaselwa.</p> <p>Ukusetyenziswa kwemali ngokukuko: a) Ileshoni malunga nokufundisa ngabaxhamli zenziwe ngaphakathi kiSebe, kungoko kungekho ndleko zongezelelekileyo zenziweyo.</p> <p>Iinkcukacha ezongezelelweyo: a) I-R676 355 1519 ichithwe kwiNkqubo ejongene nokuPhuculwa kweendawo zoGob'ityholo (UISP) kunye neNkqubo yokuPhuhlisa kweNdawo zokuHlaliswa koLuntu ngokuHlangeneyo(IRDP).</p>	<p>Ukubonisana/Ukunxibelana: a) Iintlanganiso ze-IGR ezibanjwa rhoqo ngekota kunye nabo bonke oomasipala ukujonga inkqubela phambili nokusombulula iinkxalabo.</p> <p>Ngokuzithoba: a) Iziko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu yamkela bonke abaxhamli ngembeko kwaye ithathela ingqalelo uMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente.</p> <p>Ukufikelela: a) Iziko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elise-27 Wale Street eKapa</p> <p>Ukwenza ngokuphandle kunye nokungafihli: a) Ingxelo yaBemi ipapashwa kumaphepha-ndaba afumaneka kwindawo ezihlala uluntu nawoluntu. b) Iibhokisi zokufaka iingcebiso kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu</p> <p>Ukusetyenziswa kwemali ngokukuko: a) Ileshoni malunga nokufundisa ngabaxhamli zenziwe ngaphakathi kiSebe, kungoko kungekho ndleko zongezelelekileyo zenziweyo</p>	<p>Ukubonisana/Ukunxibelana: a) Iintlanganiso ze-IGR zoLungelelwaniso zoBuchule zeZgingqi zabanjwa noomasipala. Ngaphaya koko, iintlanganiso zabanjwa rhoqo noluntu ukujongana neenkxalabo zabo.</p> <p>Ngokuzithoba: a) Abaxhamli banokufumana ulwazi olufanelekileyo kwiZiko lemibuzo leSebe elise-27 Wale Street eKapa. Ngapha koko, amagosa aqeqeshelwe ukujongana nemibuzo ebuzwe ngabafaki zicelo kunye okanye nabaxhamli ngendlela ethobekileyo kunye nokujonga uMgaqo wokuZiphatha weNkonzo kaRhulumente</p> <p>Ukufikelela: a) Lenkonzo iyafumaneka kwiZiko lemibuzo leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elise-27 Wale Street eKapa</p> <p>Impumelelo eyongezelelweyo: b) Ngokusebenzisa abaphathi beprojekthi</p> <p>Ukwenza ngokuphandle kunye nokungafihli: a) Ingxelo yaBemi yapapashwa kumaphepha-ndaba afumaneka kwindawo ezihlala uluntu nawoluntu. b) Iibhokisi zeziphakamiso zabekwa kwiZiko lesebe elijongene nemibuzo elikwi-27 Wale Street, eKapa ukuze lisetyenziswe luluntu. Iingcebiso zajongwa zaqwalaselwa.</p> <p>Ukusetyenziswa kwemali ngokukuko: a) Ileshoni malunga nokufundisa ngabaxhamli zenziwe ngaphakathi kiSebe, kungoko kungekho ndleko zongezelelekileyo zenziweyo.</p> <p>Iinkcazelo ezongezelelweyo: b) I-R896 560 ichithwe kwiNkqubo ejongene nokuPhuculwa kweendawo zoGob'ityholo (UISP) kunye neNkqubo yokuPhuhlisa kweNdawo zokuHlaliswa koLuntu ngokuHlangeneyo(IRDP).</p>

B

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

Isixhobo senkcukacha zokuhanjiswa kweenkonzo

Ngoku/ulungiselelo olululo	Ulungiselelo olulindelekileyo	Ezona zinto ziphunyeziweyo
Inkqubo yokuBonelelo ngeZindlu zeXabiso eliFikelekayo		
a) Amagosa aqeqeshelwe ukujongana nemibuzo ngabafakizicelo kunye okanye ngabaxhamli.	a) Amagosa anolwazi oluphangaleleyo kwiZiko lelijongene nemibuzo kwisebe.	a) Amagosa aqeqeshwa ukujongana nemibuzo ngabafakizicelo kunye okanye ngabaxhamli.
b) Amagosa kaMasipala aqeqeshelwe ukujongana neenkxalabo kunye nemibuzo emalunga namathuba ezindlu.	b) Amagosa kamasipala.	b) . Amagosa kaMasipala aqeqeshelwe ukujongana neenkxalabo kunye nemibuzo emalunga namathuba ezindlu.
c) Oomabona kude babekwe kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elikwi-27 Wale Street, eKapa, zibonisa inkcukacha ezifanelekileyo ezilunxulumene namathuba ezindlu.	c) Oomabona kude babekwe kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo inkcukacha ezizizo malunga nokuhlaliswa koluntu.	c) Oomabona kude babekwe kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu kwaye zibonisa inkcukacha ezifanelekileyo ezilunxulumene namathuba ezindlu.
d) Iwebhusayithi yeSebe yayihlaziywa rhoqo, enika inkcukacha malunga ngendlela yokufikelela kumathuba ezindlu.	d) Amaphulo onxibelelwano	d) Iwebhusayithi yeSebe iyahlaziywa rhoqo, enika inkcukacha malunga ngendlela yokufikelela kumathuba ezindlu.
Inkqubo yokuBonelela ngeZiza ezineNkonzo kubaXhamli		
a) Amagosa kaMasipala aqeqeshelwe ukujongana neenkxalabo kunye nemibuzo emalunga namathuba ezindlu.	a) Amagosa anolwazi oluphangaleleyo kwiZiko lelijongene nemibuzo kwisebe.	a) Amagosa kaMasipala aqeqeshelwe ukujongana neenkxalabo kunye nemibuzo emalunga namathuba ezindlu.
b) Amagosa kaMasipala aqeqeshelwe ukujongana neenkxalabo kunye nemibuzo emalunga namathuba ezindlu.	b) Municipal offices. Amagosa kamasipala.	b) Amagosa kaMasipala aqeqeshelwe ukujongana neenkxalabo kunye nemibuzo emalunga namathuba ezindlu.
c) Oomabona kude babekwe kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu elikwi-27 Wale Street, eKapa, zibonisa inkcukacha ezifanelekileyo ezilunxulumene namathuba ezindlu.	c) Oomabona kude babekwe kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo inkcukacha ezizizo malunga nokuhlaliswa koluntu.	c) Oomabona kude babekwe kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo yoluntu kwaye zibonisa inkcukacha ezifanelekileyo ezilunxulumene namathuba ezindlu.
d) I-webhusayithi yeSebe yayihlaziywa rhoqo, enika inkcukacha malunga ngendlela yokufikelela kumathuba ezindlu.	d) Amaphulo onxibelelwano	d) I-webhusayithi yeSebe ihlaziywa rhoqo, enika inkcukacha malunga ngendlela yokufikelela kumathuba ezindlu.

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

Iqonga lokungenisa izikhalazo

Inkqubo yangoku /yokwenyani yezikhalazo	Indlela efunekayo yezikhalazo	Ezona zinto ziphunyeziweyo
Inkqubo yokuBonelelo ngeZindlu zeXabiso eliFikelelekayo		
a) Abaxhamli babenako ukuveza iingxaki zabo kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo.	a) I-Sebe lijongana nezikhalazo ezingeniswe kulo ngokubhaliweyo, emva kokuba kwenziwe uphando.	a) Abaxhamli babenako ukuveza iingxaki zabo kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo.
Inkqubo yokuBonelela ngeZiza ezineNkonzo kubaXhamli		
a) Abaxhamli babenako ukuveza iingxaki zabo kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo.	a) I-sebe lijongana nezikhalazo ezingeniswe kulo ngokubhaliweyo, emva kokuba kwenziwe uphando.	a) Abaxhamli babenako ukuveza iingxaki zabo kwiZiko leSebe elijongene nemibuzo.

B

2.3 Ubume beSebe

I-Sebe liqhubekile ukujongana nomceli-mngeni oqhubekayo wokwenza imisebenzi yalo ngokomthetho wezezimali osanda kunyanzeliswa, ukwanda kwenani labemi bephondo, umngeni kwimingeni yentlalo kunye nokwanda kweemfuno zeenkondo. Ukuza kuthi ga ngoku, ukwenza i-Sebe lisebenze ngokufanelekileyo kubalulekile. Izinto eziphambili kweliphulo kukuphuculwa kobume beSebe, amanyathelo angqongqo okunciphisa iindleko, iinkqubo zolawulo zesebe ezisebenzayo, iinkqubo zoshishino nezicwangciso zokuphucula ukuhanjiswa kweenkonzo zalo.

B

U-Hlengahlengiso

ISebe leNkulumbuso (ISebe elijongene nokuqulunkqwa kwamacandelo Kumasebe) liphande ulwakhiwo lombutho weSebe ukuze lungelelanise ubume beSebe kunye nomkhombandlela weqhinga elitsha owamkelwe liSebe kunye nemodeli yoshishino ehlaziyiweyo. Imodeli yokuhanjiswa kwengingqi yaphakanyiswa apho yonke imisebenzi yenziwa ngokubanzi kwisithili ngasinye. Oku kuya kuqinisekisa ukuphendula ekunikezelweni kweenkonzo njengoko abaphathi bengingqi beya kuba noxanduva lokucwangcisa nokuziswa kweethagethi. Le nkqubo isaqunjelwa.

INkonzo yoLawulo oluPhezulu

Ngexesha eliphantsi kohlaziyo, kwabakho utshintsho kubunkokheli besebe. UNks J Samson wanyuselwa kwiNtloko yeSebe, kwezokuHlaliswa koLuntu. Isithuba esikule CD sivalwe ngaphakathi nguNks K August, owayesakuba nguMlawuli weZindlu eziNgenelelekayo. Ukongeza, kwaqeshwa uMphathiswa omtsha, uMnu T Simmers, nowayesakuba lilungu leKomiti yasepalamente ejongene nokuHlaliswa koLuntu.

Ngelixa iSebe liyabamkela ubunkokheli obutsha, likwavuma izithuba ezibangelwe koku. I-Candelo loMlawuli oyiNtloko: UCwangciso lokuHlaliswa kwaBantu, isithuba soMlawuli: Ezezindlu ezifikelekayo asikabinamntu. UNks R Van Rensburg ovela kweli Candelo loMlawuli oyiNtloko, naye uthathe umhlala-phantsi kulo nyaka uphononongwayo, eshiya isikhundla (2) solawulo oluphezulu singenamntu kwiCandelo loMlawuli oyiNtloko.

I-Candelo elijongene neMibuzo/izikhalazo zoluntu

Ukusebenzela ngcono uluntu, iSebe liqalise ngokulilungisa iZiko elijongene neMibuzo/izikhalazo zoluntu. Oku kubangele ukuba iDesika yoNcedo kunye neNkundla yeZindlu eziRentwayo (RHT) zifuduselwe kwindawo yethutyana, eNorton Rose House, eKapa, ngelixa kusalungiswa. Iinkonzo ezinikezelwa yiDesika yoNcedo kunye neRHT zisafikeleleka kwindawo yethutyana, kwaye utshintsho lwendawo luye lwaziswa ngokubanzi kuluntu.

Iinkqubo eziSebenzayo zokuSebenza (SOP)

NgokweCandelo loLawulo lwezinye Maxabiso, iSebe liye laqulunkqwa ezinkqubo zilandelayo:

1. aNgxamisekileyo okanye Iziniki-maxabiso;
2. Iziniki maxabiso ezivulekileyo; kwaye
3. Iibhidi zexeshana elifutshane.

Ezi-SOP zancedise ekuhlengahlengiseni iinkqubo zoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo ngokususa okanye ukunciphisa umda kwiimpazamo kunye nokulibaziseka okungeyomfuneko. Ngokwenza njalo, i-Candelo leziniki-maxabiso (SCM) linokubonelela ngenkonzo engcono kwiSebe ngokunjalo nakubanikezeli beenkonzo abanikezela ngenkonzo enefuthe kuluntu.

Ngapha koko, i-SOP nayo yaphuhliswa ukuxhasa uLawulo lweziVumelwano zeNkqubo-sikhokelo yee-NGO phakathi kwe-DHS nabachaphazelekayo. Ukongeza koku, njengesixhobo sokunceda abaxhamli abanokubakho, i-SOP yaqulunkqwa ukuze inike isikhokelo kwinkqubo yesicelo seNkqubo yokuNcediswa kweZaphulelo eziNikezelweyo (i-EEDBS).

Ukuba nemvume

Ukuba nempepha-mvume kweSixeko saseKapa (i-CoCT) kubandakanya amalungu abangabathunywa, emva koko, ukunikezelwa kwemisebenzi ethile echazwe ngokucacileyo ngokubhekiselele kulawulo lweenkqubo zezindlu zikazwelonke.

2.4 Ukuqulunkqwa komgaqo-nkqubo ophambili notshintsho kwezomthetho

Ngexesha lonyaka-mali ka-2019/20, iSebe liye labamba indibano ngokubambisana neSebe lokuHlaliswa koLuntu likaZwelonke (i-NDHS), ukuze kucelwe igalelo leNkqubo-sikhokelo yoBuchule yesiGaba esiPhakathi (2019-24).

3. IZIPHUMO ZESICWANGCISO-BUCHULE EZINENJONGO

Njengokukhokelwa sisiHloko 8 sesiCwangciso soPhuhliso seSizwe (i-NDP) kunye ne-MTSF yango-2014 ukuya kowama-2019, ugxininiso lweli sebe kukusebenzela ukufezekisa umkhondo weendawo zokuhlaliswa koluntu ezitshintshiweyo ngokuhlanganisiweyo ngo-2030.

I-Sebe linegalelo kwiNjongo yesi-4 yesiCwangciso-Buchule sePhondo, “ukwenza ukuba kuzinze ngokusemgangathweni kunye nemeko yokuhlala ngokusingqongileyo” kwaye ukuza kuthi ga ngoku, iSebe liphumeze iinkqubo ezininzi eziza kuxhasa ezizicwangciso kunye neenjongo zesicwangciso. Itheyibhuli engezantsi ibonisa impumelelo yeSebe ngokunxulumene neenjongo zesiphumo zesicwangciso-buchule lokusebenza:

No	Iziphumo Zesicwangciso-Buchule Ezinenjongo	INjongo zoBuchule	Inkqubela phambili eyenziweyo
1	Ukuphuculwa kokusebenza kakuhle kweSebe lokuHlaliswa koLuntu kwiPhondo	Inkqubo yoLawulo lwenkcukachai oluPhuculweyo kunye noLawulo ngokuhlangeneyo lwenkcukacha kunye nobuNjineli ngoNxibelelwano.	ISebe liphumeze iinjongo zalo ngokumiliseka iiProjekhthi zoLawulo lwenkcukacha ezimbini (2), ezizezi: <ol style="list-style-type: none"> Uphuhliso lweZiko lwenkcukacha; Ukuqulunkqwa kwesikhokelo seBusiness Intelligence (BI)
2	Ukuphuculwa kokuhlaliswa kwabantu, ukusebenza ngokukuko kunye nongokomela kweendawo zokuhlala abantu	Ukuphucula uphuhliso olumanyanisiweyo nokucwangciswa komhlaba kwinqanaba loomasipala ngokunika oomasipala inkxaso ngokubhekiselele kuphuhliso lokuhlaliswa kwabantu.	Oomasipala abangamashumi amabini anesihlanu (25) baxhotyisiwe ngonyaka-mali ka-2019/20.
		Ukuseka iindlela ezisebenzayo zokumisela iithagethi, ukujolisa kwendawo kunye noqikelelo lonikezelo lwexesha elizayo	IsiCwangciso soPhuhliso lweZindlu lwaMinyaka eliMininzi (i-Candelo D le-APP) saphuhliswa salungelelaniswa kuzo zombini isiCwangciso sokuSebenza soNyaka (i-APP), ngokunjalo nesiCwangciso soShishino seSebe.

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

No	Iziphumo Zesicwangciso-Buchule Ezinenjongo	INjongo zoBuchule	Inkqubela phambili eyenziweyo
2	Ukuphuculwa kokuhlaliswa kwabantu, ukusebenza ngokukuko kunye nongokomela kweendawo zokuhlala abantu	Ukuphucula ulawulo lomgaqo-nkqubo ngokunxulumene nokuhlaliswa kwabantu.	I-Sebe liyiphumezile ithagethi yalo ngokuphuhlisa nokugqibezela amaphepha ovavanyo amabini (2) kunye nomgaqo-nkqubo / isikhokelo somgaqo-nkqubo omnye (1). 1. Oku kubandakanya: 2. Ukusebenza kokunikezela ngenkxaso karhulumente kumakhaya ahlala emva kwendlu (iphepha lophando); 3. Ubunini obumiselweyo kwaye 4. U-Mgaqo-sikhokelo wokuPhunyezwa kwenkqubo yezindlu zentengo zokuhlaliswa koluntu nguRhulumente eNtshona Koloni (umgaqo-nkqubo).
3	Ukukhawulezisa amathuba ezindlu	Phumeza inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo	I-Sebe lihambise malunga ne-10 375 yezindlu xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe okumalunga ne-9 723.
4	Ukuphuculwa kweemeko zokuhlala zabaxhamli ngokuPhucula ngokusetyenziswa kweNkqubo yokuHlaliswa koLuntu kwaNdawo zoGob'ityholo	Ukumilisela uhlaziyo olulungelelanisiweyo lwendawo zogob'ityholo ukukhuthaza ukukhusekela kweendawo ezihlala uLuntu.	I-Sebe lihambise iziza ezingama-5 842 i ezifakwe iinkonzo xa kuthelekiswa xa noko bekucetyiwe okungama-6 486.
5	Ukuphuculwa kweemeko zokuhlala zabaxhamli ngokukhuthaza ubuninimzi bezindlu.	Ukuphucula ubuninimzi ngokuqinisekisa ngunikezelwa kweziqinisekisi zobuninimzi	I-Sebe linikezele ngeziqinisekisi zobuninimzi ezingama-8 491 xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe okungama-7 000

4. INKCUKACHA NGOKUSEBENZA KWENKQUBO NGANYE

4.1 Inkqubo 1: U-Lawulo

Injongo

Injongo yale nkqubo kukubonelela ngolawulo ngokubanzi kwiSebe ngokuhambelana nazo zonke iinkqubo nemigaqo-nkqubo esetyenziswayo. Inenkqutyana ezimbini, ezizezi:

I-Ofisi ka-MEC: Ukubonelela ngokusebenza kwe-Ofisi ye-MEC; kunye

Iinkonzo zoLuntu: Ukubonelela ngenkxaso kuluntu engengadibenanga noko kwiSebe.

Injongo zoBuchule

ULawulo loLwazi oluPhuculweyo kunye noLawulo ngokuhlangeneyo lwenkcukacha kunye nobuNjineli ngoNxibelelwano.

Ushwankathelo lwentsebenzo

Kunyaka ophantsi kovavanyo, njengeSebe samkele isixhobo seMPAT seSebe lezoCwangciso, ukuHlola nokuVavanya ukuvavanya nokulinganisa ukusebenza. Ukusuka kwimpumelelo yonyaka-mali odlulileyo nempumelelo, iSebe liqhubekile nokwakha nokuphucula iinkqubo zalo kwiindawo ezahlukeneyo kwiNkqubo. Oku kuncede iNkqubo ukuba ixhase iSebe ngokukuko ukuze liphumeze kwaye lifezekise ifuthe elifunekayo nabaxhamli balo.

ISebe linokunika ingxelo yokuba kunyaka-mali ka-2019/2020, lazise ii-SOPs ezintsha ezilandelayo:

- Ukulawulwa kwesiVumelwano seNkqubo-sikhokelo ye-NGO;
- Isicelo seNkqubo ePhuculweyo yeZibonelelo zeZaphulelo (EEDBS);
- IiBhidi eziNgxamisekileyo okanye eziNgxamisekileyo;
- Iziniki maxabiso ezivulekileyo; kwaye
- Iibhidi ezinexesha elifutshane.

Ezi SOP zincedisile ekuhlengahlengiseni iinkqubo zoLawulo lweSixokelelwano soNikezelo ngokususa okanye ukunciphisa umda kwiimpazamo kunye nokulibaziseka okungeyomfuneko. Ngokwenza njalo, kubonelela ngenkonzo engcono kwiSebe ngokunjalo nakubaboneleli-nkonzo ukuhambisa iinkonzo eluntwini.

Ngokwe-ICT, kuye kwakho imitsi ebonakalayo kuphuhliso lweenkqubo ze-ICT, similisele usetyenziso lweeselfowuni olwenza ukuba abemi babhalise kwaye bahlaziyi iimfuno zabo zezindlu; ideshibhodi yesigqeba ebonisa inkqubela phambili kwiiprojekthi zokuHlaliswa kwaBantu kunye nedashboard ebonisa inkcukacha malunga nendawo zogob'ityholo malunga nokubala okwenziwe kwindawo zogob'ityhplo.

Ngokokuhlaziywa kwezobunjineli, siphucule izixhobo ezibonwayo ezinokubonwa phantse kuwo onke amagumbi eSebe okubamba iitlanganiso kwaye sandisa amandla ezobunjineli ngokubanjwa kwentlangani ngevidiyo.

I-Sebe liqulunkqe isiCwangciso-soBuchule se-ICT esitsha seminyaka emi-5 esixhasa isicwangciso-soBuchule salo esitsha ngokunjalo notshintsho lwedijithali kwaye siyakuphunyezwa kwesicwangciso sobuchule esitsha kwixesha elilandelayo.

ISebe, ngokusebenzisa umgaqo-nkqubo weSebe woLawulo lweNkcukacha, likwaphumeza iiProjekthi zoLawulo loLwazi ezimbini (2), ezizezi:

1. Uphuhliso lweZiko lwenkcukacha, olwakhiwe kwi-Intranet entsha yeSebe, yenza onke amagosa alo ukuba ongezwe umxholo kunye nokuzibandakanya ngentsebenziswano

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

2. Ukuqulunkqwa kweNkqubo-sikhokelo yeNtloko yezoShishino (i-BI) ekhokela uphuhliso kunye nokuphunyezwa kwezicelo zokuxhasa ukwenziwa kwezigqibo ngokusekwe kuvimba wenkcukach exhaswa bubungqina.

ISebe liqhubekile neenkqubo zalo ezikhoyo zoLawulo lwenkcukacha ezibandakanya iiseshoni zokungeniswa kweenkqubo ezithile zeSebe zamagosa asandula kuqeshwa ukubaziqhelanisa nesicwangciso kunye nokusebenza kweSebe; inkqubo yoqeqesho; kunye neeseshoni zokwabelana ngolwazi eziqhubekeke ukufumana amandla kunye nomdla phakathi kwamagosa kulo nyaka wenzelwa lengxelo..

B

Injongo zoBuchule

Inkqubo 1: ULawulo						
Injongo zoBuchule	Isalathisi seNtsebenzo seNjongo zoBuchule	Eyona mpumelelo 2018/2019	Ithagethi ezicetyiweyo 2019/2020	Eyona mpumelelo 2019/2020	Ukuphambuka kwiithagethi ezicwangcisiweyo kwimpumelelo ekhoyo 2019/2020	Iinkcukacha malunga nokuphambuka
Ukuphunyezwa kwezixhobo zoVavanyo lweNtsebenzo yoLawulo (MPAT) ngowama-31 kweyoKwindla 2020	SOI 1 Ukufumana inqanaba 4 kuvavanyo lweMPAT lulonke nge-31 Matshi 2020	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	-	
ULawulo loLwazi oluPhuculweyo kunye noLawulo ngokuhlangeneyo lwenkcukacha kunye nobuNjineli ngoNxibelelwano ngowama 31 Matshi 2020	SOI 2 Inani leprojekthi zoLawulo kwenkcukacha eziphunyezwe ngowama-31 kweyoKwindla 2020	3	2	2	-	

Izalathisi zokuSebenza

Inkqubo 1: ULawulo								
No.	Isalathisi sokuSebenza	Eyona mpumelelo 2016/2017	Eyona mpumelelo 2017/2018	Eyona mpumelelo 2018/2019	Ithagethi ezicetyiweyo 2019/2020	Eyona mpumelelo 2019/2020	Ukuphambuka kwiithagethi ezicwangcisiweyo kwimpumelelo ekhoyo 2019/2020	Iinkcukacha malunga nokuphambuka
1.1	Ukufikelela kwinqanaba le-4 lolawulo lwezemali njengoko kuchaziwe kwi-2018 Management Performance Assessment Tool (MPAT) ngowama-31 Mats'hi 2020	Nqanaba 4	Nqanaba 3	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	-	
1.2	Ukufikelela kwinqanaba le-4 lolawulo lobuchule njengoko kuchaziwe kwisiXhobo soVavanyo lweNtsebenzo yoLawulo lwango-2018 (MPAT) ungadlulanga owe-31 Mats'hi 2020	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	-	
1.3	Ukufikelela kwinqanaba le-4 lolawulo lobuchule njengoko kuchaziwe kwisiXhobo soVavanyo lweNtsebenzo yoLawulo lwango-2018 (MPAT) ungadlulanga owe-31 Mats'hi 2020	Nqanaba 4	Nqanaba 3	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	-	
1.4	Ukufikelela kwinqanaba le-4 lolawulo lwabaSebenzi njengoko kumiselwe kwisiXhobo sokuBek'eweni uLawulo lokuSebenza sango-2018 (MPAT) ngowama-31 Mats'hi 2020	Nqanaba 3	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	-	
1.5	March 2020 Ukufikelela kwinqanaba le-4 lolawulo lwe-ICT njengoko kuchaziwe kwisiXhobo sokuBek'eweni uLawulo lokuSebenza sango-2018 (MPAT) ngowama-31 Mats'hi 2020	-	-	Nqanaba 4	Nqanaba 4	Nqanaba 4	-	
1.6	Inani leprojekthi zoLawulo lweNkcukacha eziphunyezwe ngowama-31 kweyoKwindla 2020	-	4	3	2	2	-	

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

Isicwangciso soBuchule sokuphumeza inizinto ezingasebenzi kakuhle Ayingeni.

Utshintsho kwiithagethi ebezincwangcisiwe Azikho.

Ukuxibelelaniso lomsebenzi kunye nohlahlo-lwabiwo mali

Inkcitho-mali ngokwenkqubo ezingaphantsi
Inkqubo 1: ULawulo

Inkqubo engaphantsi	2019/2020			2018/2019		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho-mali eyiyo	(Ngaphezulu) / Ngaphantsi kweNkcitho	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho-mali eyiyo	(Ngaphezulu) / Ngaphantsi kweNkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
I-Ofisi ka-MEC	6 817	6 817	-	4 818	4 818	-
Iinkonzo zoLuntu	115 990	115 990	-	103 065	101 874	1 191
Iyonke	122 807	122 807	-	107 883	106 692	1 191

B

4.2 Inkqubo 2: Iimfuno zeZindlu, Uvavanyo kunye nesiCwangciso

Injongo

Injongo: Injongo yale nkqubo kukuqhuba nokwenza iimfuno zokuhambisa izindlu, ukwenza izicwangciso zokunikezelwa kweZindlu. Inenkqutyana ezine, ezizezi:

ULawulo	Ukubonelela ngeenkono zolawulo kunye / okanye ngokuhambelana/ubambiswano
Mgaqo-nkqubo	Ukuqulunkqwa kwemigaqo-nkqubo yokuhlaliswa koluntu nezikhokelo zomgaqo-nkqubo
IsiCwangciso;	Ukuqulunkqwa kweziCwangciso zoPhuculo lweZindlu zeminyaka emininzi kunye neeprojekthi ezizakwenziwa ngokusebenzisana noomasipala.
Uvavanyo	Ukwenza uvavanyo malunga nokuhlaliswa koluntu ngokuzoizinyelo

Injongo zoBuchule

- Ukuphucula uphuhliso ngokuhlanganisiweyo kunye nocwangciso lwemihlaba kwinqanaba loomasipala ngokunika oomasipala inkxaso ngokubhekiselele kuphuhliso lokuhlaliswa kwabantu;
- Ukuseka iindlela ezisebenzayo zokumisela iithagethi, ukujolisa kwendawo kunye noqikelelo lweenkonzo ezizayo; kwaye
- Ukuphucula ulawulo lomgaqo-nkqubo ngokunxulumene nokuhlaliswa kwabantu.

Ushwankathelo lwentsebenzo

Izindlu eziFilelekayo

Inkqubo yeNkxaso-mali yaBantu abadiyanisiweyo yezeMali (i-FLISP) iseyeyona nto iphambili kwiSebe, kwaye kunyaka-mali ka-2019/20. ISebe liqalise inkqubo yokuLungela kwabaThengi. Injongo zalo bezi zilandelayo:

- Ukwenza abathengi abafanelekayo abanokuthenga izindlu zentengo yebhanki kuLuhlu lokuHlaliswa kwaBantu/ kuluhlu lukaMasipala, abathe banqatshwa ngamaziko ezemali, ngenxa yokufikeleleka okanye irekhodi elibi letyala;
- Ukusebenza naba baxhamli ukuphucula amanqaku abo etyala kunye neemeko zemali ezixineneyo; kwaye
- Ukwenza ipesenti ephezulu yabathengi abavunyiweyo kuphuhliso lweSebe okanye kwimarike yezindlu yesibini.

Ngokubanzi, amakhaya angama-201 okanye abantu abangama-326 kuye kwaqhagamshelwana nabo ukuba babhalise kweliphulo. Kwezi, amakhaya ali-153 (okanye ama-256 abantu) asuka eSwellendam, koomasipala baseGeorge naseDrakenstein abhalisiweyo. Ukulinganiswa kwamatyala eSwellendam afunyenweyo, kuqaphele ukuba amanqaku emboleko angama-35 aphuculwe, amanqaku ali-11 etyala abonakalisanga lutshintsho kwaye amanqaku ali-16 etyala awa.

Inkqubo iza kuqhuba isithuba seminyaka emibini kwaye amakhaya ayi-133 (okanye abantu abangama-216) sele echongiwe ukuze afumane uncedo kuMasipala waseSwellendam, waseDrakenstein nowaseGeorge. Umyinge wengeniso yabo banokubangabaxhamli ababhalisiweyo ukuza kuthi ga ngoku ngama-R10 535.

EliSebe liyaqhubeka nokwenza intsebenziswano nabaqeshi abakulungeleyo ukwenza igalelo elibonakalayo ekudaleni amathuba okuba ngabanini bamakhaya kubasebenzi babo. Iibhokisi ze-APL eBreede Valley ngomnye umqeshi onjalo, njengeTronox / Andisa kwingingqi yoNxweme oluseNtshona. Ezizindululo zobambiswano zivunyiwe liSebe ukwenzela ukuqhubeka kophando kunye nokulandelwa.

Intsebenziswano ikwangundoqo ekwandiseni amathuba ezindlu. Lamanyathelo alandelayo eZindlu zoLuntu akwinqanaba lokwakha:

- Iprojekthi eyiConradie Better Living Model Exemplar ibonisa iiprojekthi ebekwe kakuhle, efikelekayo, edibeneyo, ekhokelwa yindlu, zabantu abanengeniso ezahlukeneyo kunye nophuhliso lokusetyenziswa okuxubeneyo, omiliselwe liZiko lezeNtlalo lezeZindlu, i-Own Haven. Le projekthi iza kuvelisa i-1 236 lamathuba ezindlu ekuqeshiswa ngazo;

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

- Isigaba sokuqala sophuhliso lwaseGlenhaven eBellville sineeyunithi ezingama-416;
- Iprojekthi yeRegent Villas eMitchell's Plain iya kuvelisa iiyunithi ezili-104 nolwakhiwo lusondele ekugqityweni; kwaye
- Iprojekthi yesiGaba 2 saseBothasig yaqhekeza umhlaba kwikota yokugqibela ye-2019 kwaye iya kuvelisa iiyunithi ezingama-314.

I-candelo leZindlu eziFikelelekayo liye langena kwizivumelwano zentsebenziswano kunye namaziko akhethiweyo ezindlu (SHI's) ukuqhubela phambili iiprojekthi zezindlu zoluntu kunye namanyathelo kwiXeko kunye nomacipala abancinci. Oku kubandakanya la maziko aMakhaya ezeNtlalo:

Ukucwangcisa

Ngokwenkxaso kamasipala, kunyaka-mali ka-2019/20 wabona ii-IDP zikamasipala zikhulisa ugxininiso olomeleleyo ekuphonyezweni nasekwakhiweni kweeprojekthi eziqhubekayo. Bonke oomasipala bengingqi abangama-25 bafumene inkxaso yocwangciso lobugcisa, ejolise ekupakisheni ngokukhawuleza iiprojekthi zezindlu. Ikwaquka ukungavali nokuququzelela imiceli mngeni kwiziseko zophuhliso kwiiprojekthi zesicwangciso sokusebenza, ezibandakanya ukunxibelelana namaSebe eMfundo, ezeMpilo, oRhulumente waseKhaya kunye neMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso. Inkxaso kwezobuchwephesha nezobuchule ikwanikezelwe ukubonelela ngegalelo kwiNkqubo-sikhokelo yoPhuhliso lweMihlaba (SDFs) ezintandathu (I-Oudtshoorn, I-Theewaterskloof, I-Overstrand, I-Matzikamma, I-Drakenstein naseStellenbosch).

EliSebe lingumgcini weNkqubo-sikhokelo ye-Living Cape, neyasungulwa ngo-2019. Esi sisakhelo sephondo esizama ukufezekisa ucwangciso olunqamlezileyo nolungelelwaniso. Ugxininiso kukuphucula unikezelo lokuhlaliswa kwabantu okuhlangeneyo, oko ke kuqinisekisa ukuba sifumana isabelo sedolophu kutyalo-mali lwethu ngokudibeneyo ngendlela ekujoliswe kuyo - ngamanye amagama, ukuba sifumana eyona mbuyekezo ibambekayo kwimali yethu. Ngokubalulekileyo, ikwakhuthaza urhulumente xa ewonke ukuba emke ekubeni 'ngumboneleli' ngendima eyandisiweyo njengomncedisi. Inkqubo eCwangcisiweyo yeSithili kunye neNdawo esekwe ekucwangciseni isembindini, yiyo loo nto isebenza ekuqinisekiseni ungenelelo oludibeneyo nolujolise ekuhlaleni.

Inkqubo yeNkxaso yokuHlaliswa kwendawo zoGog'ityholo abaNgekho Sikweni (ISSP) yaphehlelelwa ngo-2016. Eyona nto iphambili, i-ISSP kukuxhotyiswa ngezakhono okwenziwa kumasipala nakuluntu, oko ke kuvumela iimpindulo ezisebenzayo kunye namalinge okucwangciselwa phambili. Inkqubo ijolise kuphuculo lwendawo zogob'ityholo kwaye ilandela inkqubo yokusombulula ingxaki esekwe ekuqondeni iimfuno zabasebenzisi, ukudala kunye nokusombulula abantu abavela kwiinkalo ezahlukeneyo ukufumana iindlela ezintsha zokujongana neengxaki zokuphucula ezinzima.

Oko kwamiselwa i-ISSP, iSebe lisebenza nzima ukuguqula imeko yendawo zogob'ityholo koomasipala abohlukeneyo. Ukuza kuthi ga ngoku, ngaphezulu kwamakhaya angama-45 000 kwiindawo zokuhlala ezingama-42 ezahlukeneyo kwiPhondo liphela sele zixhamle kwiinkonzo eziqalisiweyo. Ii-NGO ezisibhozo kwimeko eyakhiweyo zinceda iSebe ngezi nkqubo, ngokubandakanya abahlali kwinkqubo yokuphucula. Intsebenziswano yethu neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho noKhenketho (DEDAT) ukuza kuthi ga ngoku ivelise uphuhliso kunye nokubeka phambili izixhobo kunye nePop-Up Design kunye ne-Build Incubator. Oku kwenziwa ngokudibeneyo neCraft and Development Institute, ngokusebenzisa i-Better Living Challenge (BLC).

Umgaqo-nkqubo noPhando

Kunyaka-mali ka-2019/20, iCandelo loMgaqo-nkqubo noPhando liphumeze iinjongo zalo zesiCwangciso sokuSebenza soNyaka, ukuvelisa iingxelo zophando ezimbini kunye nesikhokelo somgaqo-nkqubo.

Iprojekthi yokuqala yephando yavavanya ukuba ingaba kufanelekile na kurhulumente axhasa unikezelo lwezindlu azakuzithengisela abaxhamli kwimarike yezindlu efikelelekayo ngezavenge kunye naqeshisa ngazo (edla ngokubizwa ngokuba ziinkqubo "zokurenta-ukuthenga"). Olu phando lwenziwe ikakhulu ngophando lwamatyala eeprojekthi zeZindlu zeZiko kunye namanyathelo okuthengisa ngezavenge zabucala eNtshona

INGXELO NGENDELELA YOKUSEBENZA

Koloni. Uphando lubonise ukuba ubume bezomthetho eMzantsi Afrika bunika ukhuseleko olwaneleyo kubathengi kwintengiso yezavenge, kodwa abathengisi bajongene nemingcipheko yentlawulo, kwaye ukuba isikhokelo asilandelwanga ngokufanelekileyo, imingcipheko yolawulo. Abathengi kumalungiselelo okukhetha ukuqeshisa banokhuseleko oluncinci kakhulu.

Kwiimeko ezininzi iiprojekthi zeZindlu zeZiko ziye azahambela ndawo (ngokufuthi ngenxa yokungabhatali komthengi), izindlu azizange zigqithiselwe kubaxhamli kwaye uninzi lusahleli lonakele kubunini bukarhulumente. Ilahleko ezinkulu ziye zathaxwa ngurhulumente wezimali wezindlu ngokubonelela ngemali-mboleko kumaziko ezindlu, kwaye ukuvuza kwenkxaso bekubonakalayo. Ke, ukubonelela ngenkxaso-mali kulwakhiwo lwezindlu lunemingcipheko emininzi. Endaweni yoko, ukubonelela ngenkxaso-mali kubaphuhlisi babucala besithathu, kwaye kuphela xa izindlu zifumaneka kwaye zinokubhaliswa, kukhethwa, kuba oku kunciphisa umngcipheko wokuvuza kunye nomthengi ongahlawuliyo.

Iprojekthi yesibini iphande ukuba kungenzeka kokubonelela ngenkxaso esebenzayo kukarhulumente kumakhaya akwizindlu ezingasemva kwezindlu. Eyona njongo iphambili kolu phando yayikujonga amanyathelo urhulumente anokuwathatha ukungakhuthazi uxinzelelo oluqhutywa ngabanini-mizi kunye nokuxinana kolunye utyalo-mali lwabucala ngaphakathi kweendawo zokuhlala / ubumelwane obutsha. Uxinaniso olululo lunokukhuthazwa ngokusetyenziswa ngobulumko kwenkxaso-mali yesibonelelo seziseko zophuhliso njenge-Grant Settlement Development Grant (i-USDG), umgaqo ononophelo kunye nolawulo kwezokwakha, kunye nocwangciso lwezakhiwo olubuthathaka.

Ukongeza kwiiprojekthi zophando ezichazwe apha ngasentla, iSebe likwaphuhlise isikhokelo somgaqo-nkqubo, Ukuphunyezwa koThengiso lokuThengwa koGayo kwiZindlu eziXhaswa nguRhulumente eNtshona Koloni. Esi sikhokelo sijolise ekuphakamiseni nasekukhuthazeni iziphumo eziluhlaza kulwakhiwo lwezindlu ezixhaswa ngurhulumente eNtshona Koloni. Iziphumo ezincumisayo ziye ziyakhuliswa ngokusebenzisa izixhobo zokwakha kunye ne-fuels ezingenabungozi kwindalo esingqongileyo, ezibandakanya amanani amancinci e-greenhouse gases kunye nokunciphisa ifuthe kutshintsho lwemozulu. Ukusebenza kwamandla kunye namanzi kuya kuphakamisa ukonga izinto eziluncedo kumakhaya.

Ukwenza umilisele lwemiGaqo-nkqubo yoMgaqo-nkqubo wokuPhumeza ukuThengwa koGayo, iSebe liye kuMbutho wezeMali weHlabathi (i-IFC), inkxaso-mali yeBhanki yeHlabathi, ukuxhasa ngemali uqeqesho lwamagosa karhulumente kwiBhunga Lokwakha i-Green Building Council yaseMzantsi Afrika (Ukugqwesa Uyilo lokuSebenza ngokuKhulu) kunye nokuvavanywa kwesiQinisekiso se-EDGE kwiiprojekthi zezindlu ezixhaswa ngemali. I-EDGE yinkqubo yokuqinisekisa ukwakha eluhlaza evumela abayili bamakhaya kunye nabakhi ukuba bavavanye ezona ndlela zibiza iindleko zokubandakanya amandla nokonga amanzi kumakhaya. Ngokufezekisa utshintsho olunobuchule kunye nobuchule kwimilinganiselo yethu yangoku, akukho ndleko zongezelelekileyo zinokuthi zenziwe ekwakheni izindlu ezihambelana ne-EDGE (greener). Ke, iindleko zokwakha ziyakuba ngaphakathi kwemvulophu yangoku yenkxaso.

Phantse ngama-30 amagosa eSebe kunye noomasipala baseDrakenstein neSixeko saseKapa abaqeqeshiweyo ngeli linge. Ukuvavanywa kwesiQinisekiso se-EDGE kuya kwenzeka kwiprojekthi yexesha elizayo kwaye kuya kubandakanya iiyunithi ezingama-500. Injongo kukuba zonke izindlu ezinikwa inkxaso ngurhulumente ziqinisekiswe nge-EDGE. Inyathelo lokuqala lokufezekisa le njongo ibaluleke kangaka liza kuphunyezwa ngeprojekthi yokulinga, kuphawulwa okokuqala ukuba izindlu ezixhaswa ngemali ngurhulumente ziyakuthathelwa ingqalelo yokuqinisekiswa kwendlela ezizizo kwilizwe.

Enye yezona projekthi zeSebe ezona zinobuchule zijolise kwiNkqubo yokuBekwa kweGlobal (GPS) kunye netekhnoloji yedrone ukwenza imephu yendawo zogob'ityholo kunye nokunikezela ulungelelaniso lwejografi ukungena kuvimba wenkukacha yeZindlu (HDD). Isebe lifumene inkxaso-mali exabisa i-R3.8 yezigidi kule minyaka-mali idlulileyo kurhulumente wase-Belgium ngenkqubo ye-Tirelo Bosha Public Service Improvement Facility Programme nge-DPSA, ukulungiselela le njongo. Inxalenye yale nkxaso-mali ikwasetyenziselwa ukufumana iidrones ezintlanu kunye nokuqeqesha amagosa amabini avela kwiSebe kunye negosa elivela

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

kumasipala ngamnye waseGeorge naseDrakenstein ekusebenziseni itekhnoloji yedrone, kunye nokufumana iilayisensi zokuvavanya ukuqhuba umsebenzi oqalisiweyo weprojekthi.

I-Sebe lixhase iiprojekthi ezininzi zophando eziqaliswe ziiyunivesithi eziseNtshona Koloni, kuqukwa nophando ngoKhuseleko loMlilo lwaMatyotyombe. Inkxaso-mali neprojekthi zilinyathelo elidibeneyo leCandelo loPhando ngezoBunjinieli boMlilo kwiYunivesithi yaseStellenbosch (FireSUN) nakwiWCDHS. Le projekthi ijolise ekuphuculeni ukhuseleko ematyotyombeni kumakhaya ngokuqonda ngokupheleleyo inzululwazi yokuziphatha komlilo, ukusetyenziswa kobunjinieli kwezokhuseleko emlilweni, izinto eziyinene ekuhlaleni, ubunzima bokujongana nemiceliimingeni kwiindawo zokuhlaliswa koluntu kunye nezixhobo ezinqongopheleyo ezikhoyo.

B

Injongo zoBuchule

Inkqubo 2: Iimfuno zeZindlu, Uvavanyo kunye nesiCwangciso						
Injongo zoBuchule	Isalathisi seNtsebenzo seNjongo zoBuchule	Eyona mpumelelo 2018/2019	Ithagethi ezicetyiweyo 2019/2020	Eyona mpumelelo 2019/2020	Ukuphambuka kwiithagethi ezicwangcisiweyo kwimpumelelo ekhoyo 2019/2020	Iinkcukacha malunga nokuphambuka
Ukuphucula uphuhliso olumanyanisiweyo nokucwangciswa komhlaba kwinqanaba loomasipala ngokunika oomasipala inkxaso ngokubhekiselele kuphuhliso lokuhlaliswa kwabantu.	SOI 3 Inani lilonke leeprojekthi zophuhliso lokuhlaliswa kwabantu (izindlu) ezilungelelaniswe nee-IDP, iZinto eziPhambili kuZwelonke nakwiPhondo ezivunyiweyo 31 kweyoKwindla 2020.	16	10	10	-	
Ukuseka iindlela ezisebenzayo zokumisela iithagethi, ukujolisa kwendawo kunye noqikelelo lonikezelo lwexesha elizayo.	SOI 4 Ukuqulunqwa kweziCwangciso zoPhuculo lweZindlu zeminyaka emininzi ngoMartshi 2020.	1	1	1	-	
Ukuphucula ulawulo lomgago-nkqubo ngokunxulumene nokuhlaliswa kwabantu	SOI 5 Inani lenkqubo zovavanyo eziqukqiweyo nge - 31 Matshi 2020.	2	2	2	-	

Izalathisi zokuSebenza

Inkqubo 2: Iimfuno zeZindlu, Uvavanyo kunye nesicwangciso								
No.	Izalathisi zokuSebenza	Eyona mpumelelo 2016/2017	Eyona mpumelelo 2017/2018	Eyona mpumelelo 2018/2019	Ithagethi ezicetyiweyo 2019/2020	Eyona mpumelelo 2019/2020	Ukuphambuka kwiithagethi ezicwangcisi- weyo kwimpumelelo ekhoyo 2019/2020	Iinkcukacha malunga nokuphambuka
IziCwangcisi								
2.1	Inani leprojekthi ezicwangcisiweyo zendawo zokuhlaliswa koluntu ezilungelelaniswe nee-IDPs kwaye ngokusekwe kwiinjongo zesiPhumo sesi-8 nokumela izinto eziphambili ngokubaluleka kuzwelonke nakwiphondo eziphuyezisiweyo ngowama-31 kweyoKwindla 2020	27	7	16	10	10	-	
2.2	I-Candelo D lesiCwangciso seNtsebenzo soNyaka esenziwe ngokwendlela emiselweyo nguNondyebo weSizwe ungalulanga owe-31 Matshi 2020	1	1	1	1	1	-	
2.3	Inani loomasipala ababonelelwa liSebe ngenkxaso yezobuchwephesha (kubandakanya ukunikezelwa kwezakhono) ukwenza umasipala akwazi ukuqulunkqaa izicwangciso zophuhliso lweprojekthi zokuhlala kwabantu ngomhla wama-31 Matshi 2020	25	25	25	25z	25	-	
Uvavanyo								
2.4	Inani lenkqubo zovavanyo eziqulunqiweyo ngomxholo ophathelene nophuhliso lokuhlaliswa koluntu ngokuzinzileyo nge-31 Matshi 2020	4	3	2	2	2	-	



Izalathisi zokuSebenza

Inkqubo 2: Iimfuno zeZindlu, Uvavanyo kunye nesicwangciso								
No.	Izalathisi sokuSebenza	Eyona mpumelelo 2016/2017	Eyona mpumelelo 2017/2018	Eyona mpumelelo 2018/2019	Ithagethi ezicetyiweyo 2019/2020	Eyona mpumelelo 2019/2020	Ukuphambuka kwiithagethi ezicwangcisi-weyo kwimpumelelo ekhoyo 2019/2020	Iinkcukacha malunga nokuphambuka
Umthetho noMgaqo-nkqubo								
2.5	Inani lemigaqo-nkqubo nezikhokelo zomgaqo-nkqubo eziqulunqwe nge-31 Matshi 2020	2	2	1	1	1	-	

INGXELO NGENDLELA YOKUSEBENZA

Isicwangciso soBuchule sokuphumeza inizinto ezingasebenzi kakuhle Ayingeni.

Utshintsho kwiithagethi ebezincwangcisiwe Azikho.

Ukuxibelelaniso lomsebenzi kunye nohlahlo-lwabiwo mali

Inkcitho-mali ngokwenkqubo ezingaphantsi
Inkqubo 2: limfuno zeZindlu, Uvavanyo kunye nesiCwangciso

Inkqubo engaphantsi	2019/2020			2018/2019		
	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho-mali eyiyo	(Ngaphezulu) / Ngaphantsi kweNkcitho	Ulwabiwo-mali lokugqibela	Inkcitho-mali eyiyo	(Ngaphezulu) / Ngaphantsi kweNkcitho
	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000	R'000
Ulawulo	17 153	17 153	-	16 136	16 136	-
IsiCwangciso	10 183	10 183	-	9 146	9 146	-
Iyonke	27 336	27 336	-	25 282	25 282	-

B

4.3 Inkqubo 3: UPhuhliso lweZindlu

Injongo

Injongo: Injongo yalenkqubo kukubonelela ngamathuba ezindlu, kubandakanya ukufikelela kwiinkonzo ezisisiseko, kubaxhamli ngokungqinelana neKhowudi yezezindlu. Inolawulo lweeNkqutyana ezine, ezizezi:

ULawulo:	Ukubonelela ngenkxaso yenkxaso-mali exhaswa kwisabelo senkxaso esuka kuZwelonke.
Ungenelelo ngezizimali:	Ukuququzelela ukufikelela okukhawulezileyo kwiimpahla zezindlu kunye neenkono ezenza iimeko ezivumayo kunye nokubonelela ngenkxaso yokusetyenziswa.
Amanyathelo ongezelelweyo	Ukuqhubela phambili ukufikelela kumathuba ezindlu ngenkqubo ehamba ngokwezigaba; kunye
Ungenelelo lwezindlu zeNtloko kunye nezokuqeshisa:	Ukuqhubela phambili ukufikelela kumathuba oku-renta izindlu, ukuxhasa ukuhlelwa ngokutsha kweedolophu kunye nangokuhlangeneyo.

Injongo zoBuchule

- Ukumilisela inkqubo yokuhanjiswa kweenkonzo ngenqanaba eliphezulu;
- Ukuphucula ukhuseleko lwengqesho ngokuqinisekisa ukuba iziqinisekiso zobunini ziyanikezelwa;
- Ukudala imeko evumela ukudalwa kwamathuba emisebenzi nokuxhotyiswa; kwaye
- Ukunyusa ukusetyenziswa kwezixhobo ngokuzinzileyo, okubandakanya ukuphonononga iitekhnoloji ezintsha ngokwakha, amandla, amanzi kunye nogutyulo.

Ushwankathelo lwentsebenzo

Unyaka-mali ka-2019/20 ubonakalise ukuba ngunyaka onemingeni kwiSebe, nanjengoko lingakhange likwazi ukuphumeza zonke iiprojekthi zalo kwaye ngenxa yoko, khange likwazi ukufezekisa usukelo ebelibekelwe iziza ezinikwa iinkonzo kunye neeyunithi zezindlu.

Ngokwezindlu ezakhiweyo, iSebe linikezele nge-8 038 xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe ekumalunga ne-9 723. Ngelixa ulwakhiwo lweeyunithi zezindlu lwalugqityiwe, kwabakho ukulibaziseka kwabasemagunyeni abafanelekileyo kufakelo lweemitha zamanzi kunye nokunxibelelana nombane wombane. Ngenxa yezi zinto, iyunithi azikhange zisayinwe kwaye zibalwe njengezigqityiweyo.

Ngokweziza ezifakelwe iinkonzo, iSebe linikezele nge -5 842 xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe ekumalunga ne-6 486. Iinkonzo azinakufakelwa kwezinye iziza, nanjengoko amalungu oluntu engazange avume ukufuduswa. Ukusebenza gwenxa kungaxulunyanyiswa namalungu oluntu azakhele izakhiwo zawo kwaye ala ukwakhiwa kwenye indawo, ngaloo ndlela kulibaziseka ukufakwa kweenkonzo.

Ngokumalunga neziqinisekisi zobuninimzi, iSebe linikezele malunga ne-8 491 xa kuthelekiswa noko bekucetyiwe okumalunga ne-7 000 kwaye kungenxa yeendlela ezibekwe yiProjekthi yokuBuyiselwa kwamaTayitile. Injongo yale projekthi kukukhawulezisa ukupheliswa komsebenzi osilelayo ekudluliseni ubunini bezindlu kwinkxaso-mali eyakhiweyo ekuhlalisweni kwabantu kwaye iyahqhubeka ukuvelisa iziphumo ezincumisayo.

Ngapha koko, iSebe lisazimisele ekuququzeleleni ukudalwa kwemisebenzi kwaye ukuza kuthi ga ngoku, eli Sebe lichithe ama-66,74% e-HSDG yalo ekuqeshweni kweekhontrakthi nabantu ababekade behlelekile ngaphambili (HDI). Ukufezekisa okugqithileyo kusekwe kwii-SOPs ezenzelwe ababoneleli ngeenkono kunye nesiVumelwano seSakhelo sekhontraktha. Nangona kunjalo, kulo nyaka uphononongwayo, bambalwa iikhontraktha nabasetyhini kunye nolutsha abamele ithenda yemisebenzi kwishishini lokwakha.

Ngokuphathelene noku, iSebe likhuthaza abasetyhini nolutsha ukuba bathathe inxaxheba kwiinkqubo zalo zoqeqesho, kwaye kwisithuba esiphantsi kovavanyo, liqeqeshe abantu abatsha abali-156 kwicandelo lezendalo elakhiweyo ngokuchasene ne-150. Ngapha koko, iSebe linikezele ngamathuba emisebenzi ali-1 056 ngokuchasene nethagethi yama-800.

Ngexesha lonyaka-mali ka-2019/20, iSebe linikezele ngezindlu eziyi-1 684 xa kuthelekiswa ne-1 000, ezibandakanya ubuchwephesha bokwakha obuzinzileyo obufana nolwakhiwo, amandla, amanzi nogutyulo lweindlele.

Izalathisi ezihlanganisiweyo

Inkqubo 3: UPhuhliso lweZindlu							
Isalathisi sokuSebenza	Eyona mpumelelo 2016/2017	Eyona mpumelelo 2017/2018	Eyona mpumelelo 2018/2019	Ithagethi ezicetyiweyo 2019/2020	Eyona mpumelelo 2019/2020	Ukuphambuka kwiithagethi ezicwangcisiweyo kwimpumelelo ekhoyo 2019/2020	Iinkcukacha malunga nokuphambuka
Inani elipheleleyo lezindlu ezihlanjisiweyo ezifikelele kwinqanaba lokugqitywa ngokubonakalayo nge-31 Matshi 2020	11 283	10 212	7 828	9 723	8 038	-1 685	Kufuneka kuqatshelwe ukuba ulwakhiwo lweyunithi sele luggqityiwe. Nangona kunjalo, ukulibaziseka ekufakweni kweemitha zamanzi kunye nokudityaniswa kwentambo zombane ngabasemagunyeni abafanelekileyo kukhokelele ekubeni izindlu ezininzi zingabalwa kwaye zichazwe njengezigqityiweyo.
